

IZIBHALO ZOKHOLO
ISIPROFETO SAKHO SEMIHLA NGEMIHLA

ISSUE

3

Julayi – Aga – Sept

2025



Iindaba Ezilungileyo

Mihla Yonke

ISIMAHLA

AYITHENGISWA

LE NCWADI YEZIBHALO
ZOKHOLO SELE IBHATALELWE
NGABAXHASI BETHU AYITHENGISWA.

Ngamanzi abandayo emphefumleni otyhafileyo Iindaba ezilungileyo, ezivela ezweni elikude. (Imizekeliso 25:25)

Uebert & BeBe
ANGEL

UEBERT noBEBE ANGEL



Ezi nkokeli zebandla, uMprofeti u-Ubert noMprofetikazi uBebe Angel, zivelele ehlabathini ngokuba ngamazwi aqaqambileyo ekuhambiseni lindaba ezilungileyo zobabalo lukaThixo (Euangelion) kunye nokuphakamisa inkonzo yobuprofeti. Njengababhali ababalaseleyo abanempembelelo, liyabonakala igalelo labo kuncwadi lobuKrestu kwiincwadi zabo ezinjengezi zithi, Spiritual Warfare, Prayer Banks, Supernatural Power of The Believer, Grace Driven Life, kunye ne-The GoodNews Daily Devotional, le iyincwadi yezibhalo zokholo zamihla yonke.

Ngenxa yodumo ngombono wabo, isakhono sokusungula izinto ezintsha ezintle kunye nobunkokeli obuphume izandla, u-Ubert noBebe Angel bahlala befunwa ukuba babe zizithethi ezimkomfeni nasezingqungqutheleni. Njengoovulindlela ehlabathini kunye nabaseki beNkonzo iGoodNews Church (Spirit Embassy), bekwakubizo lobuProfeti, inkulu, inzulu impembelelo yabo kwizigidi zabantu ehlabathini jikelele, beqhutywa kukuzinikela kwabo okungagungqiyo ekuhambiseni isityhilelo seeNdaba ezilungileyo namandla aguqulayo obabalo lukaThixo (Euangelion)

MALUNGA NEENDABA EZILUNGILEYO MIHLA LE

Incwadana yezibhalo zokholo zamihla yonke, iGoodNews Daily, sisixhobo esixatyisiweyo kakhulu kwezobuKrestu nesibhalwe ngobuchule obubodwa ukuze sibonelele ngobutyebi ngokwasemoyeni suku ngalunye lonyaka. Ezi zibhalo zinika ingqiqo enzulu, izityhilelo ezinamandla kunye neziprofeto zemihla ngemihla ezijolise ekukhokeleni abafundi kubomi obugxile kuKrestu, obusekelwe bazinziswa kwiimfundiso eziguqulayo kunye nesityhilelo sikaMprofeti u-Ubert Angel. Ushicilelo olutsha lwale ncwadi yezibhalo zokholo luphuma rhoqo ngekota, lwahluka kunjalonje ngokuba ifikelela kwi-hlabathi jikelele, ifumaneka simahla ngeelwimi ezininzi ukuze kungabikho bani uthi akawuva umyalezo wayo ngenxa yokungaluqondi ulwimi ebhalwe ngalo, nomyalezo wayo onguguqulimpilo ufikeleleka kwi-hlabathi lonke.



Lwesibini, Julayi 1

AMANDLA ASENYANGWENI

ULuka 22:43

Kwabonakala ke kuye isithunywa, sivela ezulwini, simomeleza.

Isifundo sanamhlanje simalunga nobusuku bokungcatshwa kweNkosi yethu uYesu Krestu, ubusuku awacela ngabo ukuba isuswe kuye indebe, waza wacela nabafundi ababesondele kakhulu kuye, uPetros, uYakobi noYohane, ukuba bathandaze naye kwiiyure zakhe zokugqibela.

Khawufane ucinge nje ngoxinzelelo awayeluva ngaloo mini, ixesha elinye ebuya esiza kuloo madoda mathathu wayewacele ukuba ahambe naye aye kumncedisa ekuthandaeni, wayefika qho elele! Ukutyhafiswa okungako!

Bangaphi ngalo mzuzu abangafumani nxaso naphi na kodwa babe beyidinga? INkosi yethu uYesu Krestu wakha wakuyo loo meko! Akufumanisa kungekho bani onokuma naye ngeyure awayefuna ngalo uncendo, uThixo wavela waba luncedo olungummangaliso! Isifundo sethu sithi womelezwa yingelosi. Wavuseleleka, kwatsho kwavaleka esaa sithuba besishiywe ngabadisipile bakhe abathathu ababeziintanda zakhe. Mhlawumbi udiniwe, uphelelwe ngamandla, kodwa yiva, akhona amandla owaphathelwe ziingelosi ngawo lo mzuzu. Lindela amandla angathethekiyo kwinto yonke oyenzayo namhlanje. Unala mandla, akukho nanye into enokuma endleleni yakho!

ISIPROFETO

Ndigcwele amandla eZulu. Akukho mqobo ndingenakuqabela kuwo, ntaba ndingenakuyinyuka naugqatso ndingenakulubaleka. Endleleni yam yempumelelo akukho nto iza kuvala ngeGama likaYesu!

FUNDA UZANDISELE

KwabaseFiliphi 4:13

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-i365

Isifundo sakho sanamhlanje: lindumiso 79-82

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesithathu, Julayi 2

UKUZEYISA

KumaGalati 5:22-23

Ke sona esoMoya isiqhamo luthando, uvuyo, uxolo ukuzeka kade umsindo, umonde, ububele, ukulunga, intembeko; ubulali, nokuzeyisa.

Njengommeli weZulu ogcwele nguMoya kaThixo, lindela ukuba nawe unganazo ezi ziqhamo zikhankanyiweyo kule vesi yanamhlanje. Namhlanje ndifuna khe sinike ingqalelo kwisiqhamo ekuthiwa kukuzeyisa. Igama elithi “ukuzeyisa” lithi egkrateia, oko kuthetha amandla, ukuba nolawulo, yaye lingumfanekso womntu ophethe iintambo zolawulo ngokupheleleyo ngeminqweno yakhe neemvakalelo zakhe. Ngamanye amazwi, umntu ‘okwazi ukuzibamba ngaphakathi.’ Lulo olu uluvo lokuzeyisa, ukuzibamba. Ndihlalane nabantu abaninzi abangakwaziyo ukuzibamba kwiindawo ezininzi, ezichaphazela nezimali. Abanye bathenga izinto abangaphumeleliyo kuzo ngeekhredithi khadi, ngaloo ndlela bethobela iminqweno yenyama enganelisekiyo. Mna ke ndihlala ndisithi, ukuba akukwazi ukuzithenga zibe mbini ngexesha elinye, musa ukuba saqalisa ukuyithenga kwaleyo inye.. Kukho amaKrestu namhlanje asesiphithiphithini kuba engakwazi kuzibamba. UMoya oyiNgcwele uhlala ekhona ukuze akuncede uthwale esi siqhamo kakhulu. Mvumele ukuba akukhokele njengoko usafunda ukuzeyisa nokuzibamba kuyo yonke inkalo yobomi bakho nmhlanje.

ISIPROFETO

Ukuzeyisa, ukuzibamba nokuzinqanda – ezo zinto zisegazini lam, kwi-DNA yam kuba ndizelwe ngokoMoya kaThixo. Ndiya kuhlala ndikwazi ukuzeyisa imihla yonke yobomi bam, ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Imizekeliso 25:28

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: lindumiso 83-86

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesine, Julayi 3

NDIKULUNGELE UKUYA EZULWINI

KwabaseTsalonika 4:15

Kuba oku siyakutsho kuni ngelizwi leNkosi ukuthi, thina babudlayo ubomi, baya kuba besekho ekufikeni kweNkosi, asisayi kubaphangela abalele ukufa.

Makhe sihlalutye le ndawo ithi “thina babudlayo ubomi”, kwesi sifundo sanamhlanje. NgesiGrike, eli gama lithi zao, lithetha ukuba namandla abalulekileyo, ukusebenza kwento ucikizeko, uhlaziyekile, njalonzalo. Asikokuthetha nje ngawe kuba uphila, usadla ubomi. Lolunye uhlobo olunzulu lokuphila olu. Lusinika ufifi ngendlela osele ukulungele ngayo ukuhamba neNkosi usiya eZulwini ngerapture, ekufanele ukuba snjalo kakade than MaKrestu.

Uyabona, kufanele ube nodlamko, ube freshi, womelele unochulumanco, kwindlela yakho neNkosi. NguMKrestu oyenza ngokugqibeleleyo nocikizeko imisebenzi yebandla imicimbi yoBukumkani oya kuhamba neNkosi ngerapture, hayi lowo uncamathisela iphepha lokuhombisa udonga ecaweni. Ngoko, zibuze lo mbuzo, “Bunamandla, busebenza kangakanani na ubuKrestu bam?” Ukuhamba inkonzo kulula, nabani na angayenza loo nto. Kodwa, ukuthatha oku ukufundileyo ukusasaze ezindleleni kodibana naye, ulisebenzise iLizwi kwabakungqongileyo, uhamba ngamandla, ukhonza ngothakazelo novuyo,, yinto leyo ekwahlulayo kwabanye, ikulungiselele ukuhamba neNkosi.

Uredi na ke?

ISIPROFETO

Ukususela namhlanje, ndiza kuyihamba ndinamandla, ngovuyo nangemfezeko indlela yam yokholo. UKrestu ongaphakathi kumu za kubonakala athi gca xa abantu bendijongile. Xa bendibona baza kubona Yena! Haleluya!

FUNDA UZANDISELE

KwabaseRoma 12:11-13

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: lindumiso 87:1-89:37
www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesihlanu, Julayi 4

UKHULULWE EHLAZWENI!

KumaHebhere 12:2

Sise amehlo kuyo iMbangi noMgqibelelisi wokholo lwethu, uYesu owathi, ngenxa yovuyo olwalubekwe phambi kwakhe, wawunyamezela umnqamlezo, elidelile ihlazo, waza wahlala phantsi ngasekunene kwetrone kaThixo.

Makhe sihlale icandelo b lesi sicatshulwa snamhlanje, eliyindlela iNkosi yethu uYesu Krestu eyawunyamezela ngayo umnqamezo, yalidela ihlazo eliza nomnqamlezo Igama elithi “ihlazo” ngesiGrike lithi aischune, okuthetha ihlazo, ukucekiseka, nomenyeko. Ngokusebenzisa eli gama, uMpostile uPawulos usinika ingcinga ngawakuvayo uMsindisi wethu ngaloo mini. Yiba nomfanekiso-ngqondweni utyatyushwa kanobom, uxhonywa emnqamlezweni, ukhululwe waze, ubonwa ngumntu wonke. Ungaziva njani yiloo nto? Nangaona imizobo idla ngokumbonisa enelaphu esinqeni sakhe, kwakungenjalo. Imbali isibonisa ukuba amajoni aseRoma ayengaxabisanga ukuyigquma imizimba yamadoda. INkosi yethu yathotywa isidima ngokugqithisileyo ngaloo mini. Ayizange ithathele kuyo isigulo nje kuphela, yathatha nehlazo, ukuze ungabuye uhlazeke wena. Lihlazo lantoni eli ubambelele kulo namhlanje? INkosi yethu uYesu Krestu yayilicekisa ihlazo eyayijamelene nalo kodwa yalithathela kuyo ukuze ungabuye ube sehlazweni. Liyeke!

ISIPROFETO

Andisayi kuze nditshutshiswe, ndibotshwe nazizinto ezidlulileyo kwakhona. INkosi yam uYesu Krestu wandikhulula ehlaazweni ukuze ndibe senkululekweni. Ndiyabulela Nkosi yam, NDIKHULULEKILE!

FUNDA UZANDISELE

FUNDA UZANDISELE

KwabaseRoma 10:11

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: lindumiso 89:38-91:13

www.goodnewsdailydevotional.com



Mgqibelo, Julayi 5

UBANJEZELWA YINTONI UMTHAN- DAZO WAM?

KwabaseKolose 4:2

Zingisani ukuthandaza, niphaphamile kuko, ninombulelo;

Apha eminyakeni ndikhonza, andinakukuxelela ukuba bangaphi abantu ababuzwa imibuzo evela ngenxa yemithandazo engenaziphumo. Elinye inene lada landibuza ukuba kukho mfihlelo ndinayo na yenza ikhawuleze iimpendulo zomthandazo. Mandiyicacise ke le vesi ingentla ukuze uzokuqonda.

Phaya kwisiGrike, igama elithi proskartereo, lithetha ukucinezela kakhulu into ethile, ukunganikezeli okanye ukugobela ngaphambili, ukuqhubeka kwakunye nokuzingisa. Ngokusebenzisa eli gama, uMpostile uPawulos usixelela ukuba masizingise ekuthandazeni, masizingise kumoya, singanikezeli. Ngoba kutheni? Ngokuqinisekileyo wayesazi ukuba wakuyimilisela ingqondo yakho emthandazweni, uloyiso lwakho luqinisekile!

Bazalwana noodade, aza kuba khona amaxesha okuba iimpendulo zithathe ixesha ukufika. Uyabona ke, ukuba khona loo mthandazo ngowento ethile, si-special order, ulindeleke ukuba ufake uxinzelelo, ulinde impendulo nokuba ngathi ukwiparking bay. Musa ukunikezela ungekafumani mpendulo. QHuba, presa ubulele uThixo ngoku usayithandazela loo nto – AMATSHEYINA AYAQHAWUKA!

ISIPROFETO

Soze ndinikezele emthandazweni. Ukususela namhlanje ndizakucinezela nangakumbi kunakuqala. Uloyiso lona sele lukhona luyi-done deal. Ndiyabulela kuwe SOMandla! Amen.

FUNDA UZANDISELEFUDA UZANDISELE

KwabaseTsalonika 1 5:17

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: lindumiso 91:14-94:16

www.goodnewsdailydevotional.com



Cawa, Julayi 6

INGABA KHILOLO LWAKHO LUTHE QWA?

UMarko 9:23

Wathi ke uYesu kuye, Ewe, ukuba unokukholwa! Zonke izinto zinokwenzeka kuye okholwayo.

Phambi kuka-1983, akukho bani wayecinga ukuba kungaze kwaziwe ukufowuna ngefowuni engenantambo. Oko kwatshintsha mhla inkampani yakwaMotorola yafika ne-DynaTAC 8000x, ifowuni yokuqala ephathwayo. Ekugqibeleni abantu batsho bakwazi ukufowuna behamba-hamba, bengahlalanga phantsi belinde ukungena kwefowuni ebalulekileyo. Kude kube ngoko, iingqondo zazilinganiselwe ingcamango yokuba umnxeba ungatsalwa kuphela kwiifowuni ezineentambo/ezinocingo.

Ngoku, ukuba usebenzisa lo mzekeliso ebomini bakho bobuKrestu, ungathi ubomi bakho bunemida esikwe ngokokwezakhono nokuqonda kwabanye. Yiloo nto kanye ke ekufuneka uyilwe.

Yale ukubona nayiphi imeko unngenathemba ngenxa yesimo sezoqoqosho okanye ingxelo kagqirha ngempilo. Akukho kwabhizinesi ungenakuyenza, sifo ungenakusinyanga, hayi ukhoo lwakho uluswitshe on.

Musa ukuze uvume ukuba akkho nto inokutshintsha. Ungayitshintsha nantoni na ngokusebenzisa ukholo lwakho, uqhekeze ibe ziingceba nayiphi isilingi yeglasi phezu kwentloko yakho. Khumbula, zinokwenzeka zonke izinto kuye okholwayo okomelezayo.

ISIPROFETO

Ndiswitsha on, ndivulela onke amandla okholo lwama namhlanje! Akukho kwanndlela yomnye umntu iza kundibekela imida; Inggqondo kaKrestu yingqondo yam, ngenxa yoko ndiwna yonke imihla le, ngeGama likaYesu!

FUNDA UZANDISELE

UYohane 14:12-14

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: lindumiso 94:17-98:3

www.goodnewsdailydevotional.com



Mvulo, Julayi 7

BUSA ENKOSINI

Izenzo 13:1-2

Ke kaloku, kwaye kukho kwa-Antiyokwe, ebandleni ebelikhona, abaprofeti nabafundi abathile... Bakubon' ukuba ke bayabusa eNkosini, bezila ukudla, wathi uMoya oyiNgcwele...

Ingaba wakha wacinga ukuba kuthetha ukuthini ukubusa eNkosini? Ivesi le ingasentla ithetha ngaBaprofeti nabefundisimababesenza loo nto. Kodwa ke ithetha ukuthini? Ilula yaye ibalulekile kuthi makholwa. Mandikubonise.

Ukubusa iNkosi yinto oyenza uyicebile, uzibandakanye kuyo, akwenzi nje. Kufuneka uzimisele bucala ixesha lokuyenza. Kuqala mnike yonkeingqondo nentliziyo yakho: cima ithivi, iselfowuni, vala iingcango—ibe nguwe nayo qha. Emva koko, mdumise ngamazwi apha kuwe ngaphakathi, umphakamise njengoThixo uthetha amazwi okumzukisa nokubulela. Mxelele ukuba umbulela ngenxa yantoni. Mxelele indlela amangalisa ngayo, anothando nobubele ngayo; mayibe yinto evakalayo, ibe nengxam indlela omdumisa ngayo. INkosi iphendula xa uyibusa ngolu hlobo. Ziqhele ke iiseshini ezinje, uzicebe ngabom, ulindele amandla okuqhawul' izibopho oza kba nawo nangakumbi apha ebomini bakho.

ISIPROFETO

Ndiyabue, Nkosi, ngokundinika ithuba lokukuzukisa, ndikubuse, nto leyo endizimisele ukuyenza rhoqo ukuusela ngoku. Umoya wam uyavuya xa ndipphakamisa iGama lakho. Ndiyakuthanda, Nkosi yam enguSomandla!

FUNDA UZANDISELE

KumaHebhere 13:15

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: lindumiso 98:4-102:7

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesibini, Julayi 8

OLUNJE LONA UTHANDO

UYohane 15:13

Akukho namnye unalo uthando olungaphezu kolu, lokuba ubomi bakhe abuncamele izihlobo zakhe.

Isifundo sanamhlanje sisikhanyisela kabanzi ngokumangalisa kweNkosi yethuuYesu Krestu, ukubeka ubomi bakhe asifele. Akukho mprofeti, malusi okanye rabbi wakha wenza loo nto. Wayengengowokuqala ukubethelelwa, kodwa waba ngowokuqala ukufela abanye

Ubomi bakhe wabunikela ngokwakhe, enganyanzelwanga. Wayenganqatyelwanga kukuzikhulula kwabo bambethelelayo. Ngokuqinisekileyo wona amandla wayenawo kodwa wakhetha ukufa emnqwamlezweni afele aboni.

Yonke into iNkosi eyayenzayo kwakungenxa yothando lwayo kuwe nakum. Isizathu sokuba yazalwa, yaphila, yafa, yavuka kwakhona ekufnini, sasisosokuba “sibe nobomi obumnandi nobugqibeleleyo” (UYohane 10:10). Nguna apha emhlabeni onothando olunje? Impendulo ithi akekho. Namhlanje, camngca ngothando uThixo alubonakalisileyo emntwini. Bulela kuye, umzukise ngokunikela ubomi bakhe ukuze uzuze obakho obugqibeleleyo.

ISIPROFETO

Ndiprofeta ubomi obugcweleyo. Obugcwele uvuyo, uxolo, obuchumileyo, obunothando kunye nazo zonke iintlobo zeentsikelelo ezinkulu ezixakathwe lusindiso lwam. Ndiyathandwa nguThixo; intliziyo yam ilungiselelwe! Ndiyabulela, Nkosi! Amen.

FUNDA UZANDISELE

UYohane 3:16

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: lindumiso 102:8-104:4

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesithathu, Julayi 9

UMSEBENZI WAKHO EBANDLENI

Kwabase-Efese 4:11-12

Waza kwayena wabapha abanye ukuba babe ngabapostile, abanye babe ngabaproefi, abanye babe ngabashumayeli beendaba ezilungileyo, abanye babe ngabalusi nabafundisi, ukuze abangcwele basulungekiselwe umsebenzi wolungiselelo, ukwakhiwa ke komzimba kaKristu;

Umhlawumbi ukwezopolitiko, ungugqirha okanye imbaleki yodumo, nto leyo intle. Kodwa kunjalo, olona bizo lwakho luphambili neasayinmenti yakho yokuqala kukwenza umsebenzi kaThixo. Onke enye iza mva. Qaphela ukuba kkutheni na uThixo walinika izipho ezihlanu zobulungiseleli ebandleni, “ukuze abangcwele basulungekiselwe umsebenzi wobulungiseleli...” Oko kuthetha ukuba naliphi ikhondo lobomi olithathayo; kusafuneka kona ukuba usulungekiselwe ubulungiseleli ngokuya enkonzweni nangokufundiswa. Akukho msebenzi uwezayo ungenakungqinelaniswa nomsebenzi woBukumkani.

Ngoko namhlanje, phuma uye apho uxelenga khona, ekholejini okanye eyunivesithi, ebaleni loqeqesho, uthi wakuhlanguka nomntu, umphokozele iintsikelelo zeZulu ezilapha kuwe. Ngqina phakathi konabo, ubabonise uthando lukaThixo. Uya kumangaliswa ligalelo elimangalisayo oya kuba nalo kubo.

ISIPROFETO

Xa ndiphuma namhlanje, ndiza kubonakalisa uthando lukaThixo kuye wonke endidibana naye. Umsebenzi wobulungiseleli ngowokuqala ebomini bam yaye ndiza kuwenza ngokuvutha okukhulu ukususela namhlanje ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KaPetros | 4:10-11

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: lindumiso 104:5-105:24

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesine, Julayi 10

AMANDLA OKUPHILISA

ULuka 5:17 (KJV)

Kwathi ke ngamini ithile wafundisa. Kwaye kuhleli abaFarisi nabafunsimthetho, ababephume kuye yonke imizana yelaseGalili, nelakwaYida, naseYerusalem; aye echo amandla eNkosi ukuba aphilise.

Ivesi yanamhlanje ichaza imini ethile xa uYesu wayefundisa iLizwi, aye amandla kaThixo okulphilisa ekhona. UMoya oyiNgcwele walizalisa igumbi ngamandla okuphilisa ngoku hlobo kanye kwakuba njalo kuYesu evusa abafileyo, evula amehlo eemfama, ephilisa abaneqhenqa.

Masize kunamhlanje ke; laa Moya wawuphilisa ukuYesu uphila wonke apha kuwe! Njengokuba umzimba wakho uyitempile kaMoya oyiNgcwele nje, akukho sifo okanye bulwelwe mabuqhelane nalo Mzimba; yala ukuhlala nalo mgcucalazi ungekho mthethweni!

Beka isandla sakho kule ndawo inengxaki emzimbeni ngawo lo mzuzu uthi, :Andizi kuhlala nasigulo mna emzimbeni wam. Ndithi kuwe sigulondini yifa, uphume uphele kulo Mzimba wam ngeGama likaYesu.

ISIPROFETO

UMoya oyiNgcwele ongaphakathi kum uthetha ukuphila kum. Ndingundlunkulu wamandla okuphilisa. Ndithetha ukuphila kuyo yonke imihla yokudla kwam ubomi yaye nditsho nangoku akukho femeli yam iya kuthi cakatha nyawo nakuyiphi isejari kagqirha, ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseRoma 8:11

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: lindumiso 105:25-106:33

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesihlanu, Julayi 11

AKASHIYWANGA XESHA, ULIBAMBE NQO

UYohane 11:39

Athi uYesu, Lisuseni ilitye. Athi kuyye uMarta, udade wofileyo, Nkosi, uselenuka, kuba untuku-ne efile.

Uvuko lukaLazaro alubonisi mandla kaKrestu nje kuphela koko aphuhlisa uhlobo lokuqika kwenkoliso yamaKrestu namhlanje.

Nangona udade boLazaro, uMarta, wayewakholelwa amandla kaThixo, walilea uYesu esithi ufike kade kuba sezine iintsuku watshabayo umntakwabo. Izibhalo zithi, kwiintsuku ezingaphambili, aba dade bathumela umyalezo kuYesu bemchazela ukuba umntanwakabo akaphilanga. Kwakutheni ke ze uYesu angakhawulezi afike? Walityaziswa yintoni?

Impendulo ilula; uYesu wayengekho leyithi; wayelibambe nqo ixesha. Ngokwesithethe samaYuda, umphefumlo womntu ukholelwa ukuba uhlala mzembeni kude kube ziintsuku ezintathu emva kokuba ebhubhile. Ngokulinda de kube lusuku lwesine, uYesu wenza kwacaca ngaphandle kwamathandabuzo ukuba uLazaro ufe nyani yaye ukuvuka kwakhe kuya kwenzeka kuphela ngamandla kaThixo!

Uninzi kuMaKrestu lugcina izikhalazo ngakuThixo ngenxa yokucinga ukuba akazibonakalisanga ngethuba emekweni ethile, kodwa ayasilela ukubona ukuba liyintoni na icebo lakhe elikhulu! Kuthiwa unguSomimangaliso, uMacebo. Nokuba ithini na imeko, Yena uzisa ubomi yaye, ngexesha elifanelekileyo

ISIPROFETO

UTHIXO ULIBAMBE NQO IXESHA! Mna ndikhonza uThixo onguSomimangaliso, uMacebo-angadlulwayo. Uza ephethe ubomi obutsha kuyo yonke inkalo yobomi bam namhlanje! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseRoma 8:28

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: lindumiso 106:34-107:38

www.goodnewsdailydevotional.com



Mgqibelo, Julayi 12

UNGAYIBULALA INJONGO YAKHO

KumaGalati 1:15

Ke, xenikweni kwakholekayo kuThixo, owandahlulayo kwasesizalweni sikama, wandibiza ngalo ubabalo lwakhe,

ILizwi likaThixo liyakunika amandla okuhamba kwinjongo kwenzele yona, kodwa ke nguwe oza kukhetha ukuyenza okanye ukuyilandela. Luxanduva lwakho ukulusabela ubizo lwakho. Eneneni, ungayibulala injongo kaThixo ukuba unqwenela ukuphila ubomi obunxamnye (obuphikisana) noko akufunela kona. Umzekelo, ukuba ukhetha ukuphila umgangatho osezantsi, uyaneliseka zizinto ezincinci, yayibulala iplani kaThixo anayo ngawe yokuba ube ngumnikeli wezimali ebukumkanini bakhe. Khumbula, umbono wakhe ngawe yinzuzo kuwe, kwanozuko kuye!

Le vesi ingasetla iphuhlisa ukuba uThixo ukubeke bucala wakwahlula kwabanye ungekabikho kwasesibekekweni sinama wakho. Ngoko ke, xa usamkela ubomi nje besiqhelo bokugula nobuhlwempu, ukhetha ukungazalisekisi injongo yakho kuKrestu. Khetha ukuba nguMKrestuu ophila ubomi obunentsingiselo ngokupheleleyo kuKrestu, wenze oko akubizele ukuba ube kuko kweli hlabathi!

ISIPROFETO

Ndingekatsali nomphefumlo wokuqala, UTHIXO WANDIKHETHA! Ndiza kuluzalisekisa ubizo lwam ebomini, ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

UYeremiya 29:11

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: lindumiso 107:39-109:31

www.goodnewsdailydevotional.com



Cawa, Julayi 13

NOKUBA IMEKO ITHINI

KwabaseKorinte I 10:13

Anibanjwanga silingo singesesabantu. Uthembekile ke uThixo, ongayi kuvumela ukuba nilingwe ngaphezu kweninako; owothi, kunye nesilingo eso, avelise ithuba lokuphuma kuso, ukuba nibe nako ukuthwala

Yazi le nto: UYesu akasosiphelo seengxaki zakho kodwa lithemba nesisombululo sazo! Nokuba ungubani na, zilindele iingxaki ebomini bakho, kodwa zamkele njengamanqwanqwa akunyusela kwiindawo eziphakamileyo. Azinamandla akukutshabalalisa ngahandle kokuba uyazivumela. Namhlanje ivesi isiqinsekisa ukuba nokokuba ingakanani na imeko ojongene nayo namhlanje, uThixo uyazi ukuba unamandla okuyoyisa.

Ukuzalwa ngokutsha kuthetha ukuzuza ubomi obutsha nendalo le ayiyo uThixo emoyeni wakho. Kambe, ngenxa yokuba abaninzi bengazazi ukuba bangoobani na kuKrestu, bahlala njalo besoyisakala kwiingxaki zobomi! Njengomntwana kaThixo, ukusebenzisa kwakho iLizwi lakhe kuko okukunika amandla okoyisa nayiphi imeko ojongana nayo. Yala ukuphoxeka, nokudakunjiswa ziinguqu ezenzekayo ebomini. Endaweni yoko, zamkele. Uqulethe amandla okuqhawula amatyathanga ube phezulu phayaa kuwo!

ISIPROFETO

UThixo undinike onke amandla okubhukuqa umbuso wotshaba olilize. Ndinobomi bukaThixo nendalo yakhe kum! Nokuba imeko ithini na, andiyi ndawo, andinakutshatyalaliswa nto! Amen.

FUNDA UZANDISELE

EkaYakobi 1:12

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: lindumiso 110-113

www.goodnewsdailydevotional.com



Mgqibelo, Julayi 14

ISIMO SOKUNGA YINGWEVU

lindumiso 71:18

Thixo, musa ukundishiya kude kuye ebuxhegweni nasezimvini; ndide ndiyixele ingalo yakho kwisizukulwana esitsha, nobugorha bakho kubo bonke abaya kuza..

Enye yezona ngqondo zilula onokuthi uzitrephe ngazo kukuvumela impumelelo nenzuzo yangaphambili ibe yimiqobo kwenkulu ezayo impumelelo. Ezibhalweni, uDavide, wayesele ezibonakalisile ukuba uyinkokeli, indoda enokholo, negorha elamoyisayo uGoliyathi, lasindisa abantu besizwe sayo engekafiki nakwiminyaka engamashumi amabini! Kula mawonga maninzi kangaka, ukuba wayekhethhe ukungqendeva kwimpumelelo ebenayo ngaphambili, ngewayengazange azigqibe zonke ezinye izinto uThixo awayemcwangcisele zona.

Kule vesi ingasentla, simbinoswa sele eyingwevu kodwa esacela ukuba iNkosi imsebenzise ekubonakaliseni amandla akhe kwisizukulwana sakhe nakwezizayo! Nokuba ungakanani na okanye ukuliphi inqanaba ebomini bakho, uThixo ufuna ukukusebenzisa ngaphaya kokuba ucinga ukuba wakha wenza! Kuninzi kakhulu akubekele kona. Qhuba ubheke phambili wena.

ISIPROFETO

Ndiza kudlula ndenze ukodlula zonke endakha ndazenza ngaphambili! Ayikho isilingi kweyam impumelelo. UThixo unezicwangciso ezininzi ngam, ezingaphaya kokba ndicinga. Amen.

FUNDA UZANDISELE

Kwabase-Efese 2:20

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: lindumiso 114:1-118:9

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesibini, Julayi 15

UKOYIKA NOKUHLONELA: UMAHLUKO

Imizekeliso 9:10

Yingqalo yobulumko ukoyika uYehova; Ukumazi oyiNgcwele kwaphela yingqondo.

Ibinzana elithi “musa ukoyika” likhankanywe izihlandlo ezingamakhulu amathathu anamashumi amathandathu anesihlanu kwiBhayibhile iphela, ungathi lelosuku ngalunye enyakeni. Ithini ke ivesi yethu yanamhlanje ukuthi ukoyika uYehova kukuqala kobulumko? Yeyiphi eyona yona? Yinyani yokomoya le etyhilwe ezibhalweni okanye yimposiso enkulu? Yithu chu nam. UThixo ubonakalisa nje iintlobo zoloyiko onokuthi ziphumele ngaphandle. Kukho uloyiko lokwenyama, olunokuba yingozi kuwe. Kambe, ngokomongo wesi sicutshulwa sanamhlanje, uloyiko uloyiko oluchazwayo yintlonelo yezoButhixo!

IBhayibhile xa inika inkcazelo ngokoyika uThixo ithi kukunqula ngentlonelo kuThixo nezinto ezinxulumene nobuthixo. UnguMKrestu, ukwenza kwakho umsebenzi wasebukumkanini bezulu kuqhutywa linqanaba lentlonelo onayo kwiLizwi lakhe. Namhlanje, khetha ukuphakamisa ubomi bakho bube ngaphaya kwemeko yesiqhelo, umhlonele uThixo, ulihlonele nobizo lwakho; sisiqalo sobulumko ke eso!

ISIPROFETO

Andoyiki nto inokwenziwa kum lutshaba; endaweni yoko ndoyika uThixo! Ndakuhlonela anguye uThixo ebomini bam, yena undiphakamisela ezindaweni eziphezulu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KumaHebhere 12:28

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: lindumiso 118:10-119:40

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesithathu, Julayi 16

UKUNGUNGELANA KOONOMBOMBIYA

ULuka 22:32

Ke mna ndikhungile ngawe, ukuba ukholo wakho lungapheli; nawe ke, xa ubuye wabuya, uze ubazimase abazalwana bakho.

Oonombombiya (iiphengwini) bahlala kwezona ndawo zibandayo ehlabathini, benyamezele amaqondo angapphantsi kwangamashumi amathandathu mihla le. Iintsiba zabo zakhelwe kanye iimozulu ezibanda ngolo hlobo, ze zibe neengqimba zamanqatha agcina ubushushu, nafunxa imitha yelanga. Sekunjalo, akukho nasinye kwezi zixhobo ezinokogqitha ubushushu boonombombiya besondelene, bengqungene, benze i-penguin huddle! Xa bengqungene (indlela leyo esisifudumezi semizimba yabo), apha embindini, iqondo lobushushu lide lifikelele kumashumi amathathu anesixhenxe (37°C).

Nawe MKrestu, njengephengwin, unombombiya, uwanikwe onke amandla okuzimela kwiimeko zeli hlabathi libandayo, uxhotyiswe ngeLizwi likaThixo ukuze uhlale ufudumele. Noko ke, kukho inzuzo ekubomelezeni nabanye abazalwana noodade eNkosini, enokuba ngaphezu nakunemithandazo ozithandazela yona wena. Ungqunganiswe nabahlobo okanye nefemeli ehambelana nombono ofanayo nowakho. Funda ukubamela emthandazweni abamelwane kunye nabazalwana bakho abasehlabathini liphela njengokuba nabo bekuthandazela.

ISIPROFETO

Njengaxa iiphengwini zingungelene ukwenzela ukuba zifudumezane kwimozulu ebandayo, ndomeleza abazalwana noodade eNkosini ngemithandazo yam ukuze ubomi babo nobam buzinze, nokuba imeko ithini na, ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseTesalonika I 5:11

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: lindumiso 119:41-96

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesine, Julayi 17

IINDLELA ZOKUSIKELELA

IEksodus 4:2-3

Wathi uYehova kuye, yintoni na loo nto isesandleni sakho? Wathi yintonga.

Wathi, yiphose emhlabeni. Wayiphosaemhlabeni, yasuka yaba yinyoka; wayibaleka uMoses.

Iibhiliyoni zamaKrestu ehlabathini lonke athandaza, ecela uThixo ukuba awathululele ngeentsikelelo ezingapheliyo, ezichazwa yiBhayibhile njengelinga lokulungisa ubomi bawo, kanti ke awaziboni, engazazi iindlela anokukhetha ukuzizisa ngazo ezo ntsikelelelo uBawo. UThixo akanakubuchumisa ubomi bakho ukuba akukho ndlela yakuzizisa iintsikelelo zakhe kuwe.

Kule vesi ingasentla, isibhalo sisibonisa uThixo ebuza uMoses ngento ayiphethe esandleni. Intoga awayeyiphethe umprofeti, noxa yayibonakala iyinto engenamsebenzi, yasetyenziswa ukubonisa amandla kaYehova kwiYiphutha yonke. Kwangandlela-nye, nokuba ingancinci kangakanani na, dala iindlela anokuthi uThixo azisebenzise ukuzisa konke akuthembisileyo eLizwini lakhe. Nikela zonke iinkalo zobomi bakho kuye uboni imimangaliso eya kulandela!

ISIPROFETO

UThixo uza kundisikelela ngebhizinesi le yam. Imfundo yam sisithuthi esiseytenziswa nguThixo ukundisikelela. Zonke iinkalo zobomi bam, zinkulu, zincinci, zizithuthi azisa ngazo iintsikelelo zam uYehova! Amen.

FUNDA UZANDISELE

ULuka 16:10

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: lindumiso 119:97-160

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesihlanu, Julayi 18

IMALI: UKUPHELISA UBUXOKI

KwabaseKorinte I 3:21

Ngoko ke makungabikho namnye uqhayisa ngabantu: kuba izinto zonke zezenu;

Xa uThixo wayedala ihlabathi, imali yayingekho! Imali yindaleko nje yoluntu. Abaninzi benza ngathi yawa ezulwini, nto leyo ingeyonyani. Uyayazi into yokuba kumashumi-shumi eminyaka eyadlulayo, imali ebhankini yayingengomaphepha emali abonakalayo kodwa yayiyidijithal rekhodi yamanani ekhompyutheni, ibhalwe nje igama lakho ukupruva ukuba unemali apho? Oko kubonisa ukuba, kule mihla, imali yinkohliso, into engeyiyo: ikho nje emehlweni amahlwempu.

Ixabiso lakho lokwenyani alikho kwisixa semali onayo epokothweni okanye oyigcinise ebhankini. Ubuhlwempu asikokuswela imali. Ukuba unonika ingqalelo yakho ekuphuhliseni ingqondo nentliziyo yakho, umgangatho wekharektha oyiyo uya kuba nguwo ogqibayo ukuba yimalini nae za kuwe.

Musa ukuvumela imali ikulawule, yinkohliso! NeBhayibhile ithi gcina ubutyebi bakho eZulwini, apho bubaluleke ngokwenene khona. Musa ukuthi phithi kukuthanda imali, uya kuyibona isiza kuwe ngaphandle kwemigudu. Susa ingqondo yakho kwizinto zemali. Endaweni yoko, jonga kule nto uThixo akubizele yona, injongo yakhe ngobomi bakho, yonke enye iya kulandela.

ISIPROFETO

Imali asiyonkosi yam! Ndakuchitha ixesha ekuziphuculeni ngeLizwi likaThixo, ndiyayitshintsha indlela imali ephendula ngayo kum. Amen.

FUNDA UZANDISELE

UMateyu 6:33

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: lindumiso 119:161-124:8

www.goodnewsdailydevotional.com



Mgqibelo, July 19

UNGAPHEZU KOMHLOBO

UYohane 14:16 (KJV)

Mna ndiya kucela kuBawo, aze aninike omnye uMthetheli, ukuze ahlale nani ngonaphakade:

Ukwaphuka kwabo nabuphi ubudlela, noba bobomtshato okanye ubuhlobo nje, kuxa kungasekho nxibelelwano. Uninzi lwaMaKrestu ke akayiqondi indima kaMoya oyiNgcwele ebomini bawo, aze, angayihoyi ingxoxo ebalulekileyo efunekayo phakathi kwawo noThixo, imihla ngemihla. UBawo usemaZulwini, iNkosi yethu uYesu Krestu iseZulwini nayo, nto leyo ithetha ukuba uThixo emasinxulumane naye imihla ngemihla nguMoya oyiNgcwele! Nguye owenza ukuba ubukho bukaYesu bube yinene kuthi, ekwenza kube yimfuneko ukuba ungamazi nje kuphela kodwa uthethe naye rhoqo, umdandakanye ngokupheleleyo kwiinkalo zonke zobomi bakho

ILizwi limchaza njengoMthuthuzeli ohlala kuthi ngonaphakade. Ke, ngalo lonke ixesha ujongana nesiphithiphithi oanye imicelimngeni yobomi, awuwedwa ngoba unomncedi wakho ohlala ekunye nawe maxa onke. Namhlanje, vulela ubudlelane bakho noMoya oyiNgcwele ngokuhlala uthetha ngeelwimi uzokubona intabalala yeziphumo zisithi thaphu thaphu ebomini bakho.

ISIPROFETO

UMoya oyiNgcwele ungaphezu komhlobo kum. Ndimfuna kuzo zonke izinto ezichaphazela ubomi bam, usuku nosuku. Ndiyazi ukuba uhlala enam; ndincokola naye ngomthandazo rhoqo. Amen.

FUNDA UZANDISELE

UYohane 14:26

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: lindumiso 125-131

www.goodnewsdailydevotional.com



Cawa, Julayi 20

UKHOZI ENDLWINI YEENKUKHU

UHoseya 4:6

Bayatshabalala abanatu bama kukuswela ukwazi; kuba wena ukucekisile ukwazi, ndiya kukecekisa, ukuba ungabi ngumbingeleli kum. Wawulibala umyalelo kaThixo wakho; ndobalibala abantwana bakho nam.

Inkoliso yamaKrestu inoluvo olunganabanga ngosindiso. Icinga ukuba uYesu weza kuphela ukuze asisindise ezonweni, athwale ubulwelwe bethu, kodwa oku akuphelelanga apho.. Uvuko lwakhe lwakunika amandla okuphila ngaphaya kwengqondo! Intlupheko nezigulo zizinto zobomi, ewe, kodwa wena mntwana kaThixo akufuneka tu uzamkele. Wakwamkelea izinto ezichaseneyo nendlela uThixo afuna uphile ngayo, ufana nokhozi ehokweni yeenkukhu! Nangona ungukumkani wesibhakabhaka, usahlala phakathi kweenkukhu, uza kziphatha njengazo, ugule zizigulo ezifana nazo. Akusoze uzazi ukuba ungakwazi ukubhabhela phezulu kangakanani usonwabele ukuphila lula, ubomi obungenazinjongo. Hamba kwinyaniso uThixo akwenzele yona; wazalelwa ukuba ubhabhe phezulu, kude lee kwiisistimu zeli lizwe. Phila njalo ke!

ISIPROFETO

Ndibhabhela phezulu! Ndakhulela kweli hlabathi kodwa andingowalo. Ndinyukela phezulwana kunalo lonke uhlobo lohlaselo lotshaba. Asikadalwa isixhobo singasayi kubakho esinokuze sindenzakalise, ngeGama likaYesu!

FUNDA UZANDISELE

KwabaseRoma 12:2

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: lindumiso 132:1-135:14

www.goodnewsdailydevotional.com



Mgqibelo, Julayi 21

ZUKISA INKOSI NGOMZIMBA WAKHO

KwabaseKorinte I 6:20

Kuba nathengwa ngexabiso. Mzukiseni ke uThixo ngomzimba wenu nangomoya wenu, izinto ezizezikaThixo ezo.

Ngelixa esi sicutshulwa sezibhalo sichaza amaKrestu njengetempile kaMoya oyiNgcwele sisesinye esithandwa kakhulu kwizifundo zezakwaLizwi, uninzi aluphilo ngokungathi yinyani le. IBhayibhile isifundisa ukuba umzimba wakho yindlu kaThixo, yaye luphezu kwakho uxanduva lokubaumzukise ngawo. Oku kuthetha ukuba akunako ukuvumela umzimba wakho ukuba uxhatshazwe sisone, uSathana okanye siso nasiphi isigulo.

Njengetempile kaMoya oyiNgcwele, impilo yakho kufanele igqibelele; umele ukuthi hayi kuyo nantoni engalunganga emzimbeni wakho, njengoko uThixo wakwenza wanengqondo esebenza ngokugqibeleleyo! Makungabikho transekshini yenzekayo emalunga nawe nomzimba wakho ngenxa yokuba uMoya oyiNgcwele uhlala kuwe. Qinisekisa ukuba uThixo ukwenzele ube ngubani kobu bomi ngokuthetha impilo entle emzimbeni wakho namhlanje, nditsho nokuba kuphantsi kwayo nayiphi na imeko,

ISIPROFETO

Umzimba wam ugqibelele! Akukho hlobo lwasifo luya konakalisa umzimba wam. UThixo uphila apha kum. Umtyholi woyisiwe, eGameni leNkosi uYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseRoma 8:13

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: lindumiso 135:15-138:3

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesibini, Julayi 22

ITYOKOLOLO LOMCHASI, ELINGAZI NTO

KwabaseKolose 3:3

Kuba nafayo, baye ubomi benu bufihlakele ndawonye noKristu kuye uThixo.

AmaKrestu amaninzi aphila ecinga ukuba usathana wazi yonke into ngawo nobomi babo ibe ingenjalo loo nto. Umtyholi akazazi ezakwamoya nangona enziwe wangumoya. Oku kuthetha ukuba akwazai kuzahlula izinto ezizezomoya. Akayazi imicelimnigeni ojamelana nayo imihla ngemihla ngaphandle kokuba uyamvuela wena ngokwakho ebomini bakho ngendlela oziphatha ngayo xa ujongene nazo. Qonda ukuba uSathana wayekhe wachitha ixesha eseZulwini ehamba phezu kwamalahle atshisayo omlilo enqula uThixo, kodwa wathi akuhlangana naye eMhlabeni akamazi uYesu.

IBhayibhile ithi sifihlwe kuKrestu. Oku kuthetha ukuba utshaba lwethu, umtyholi, akazi kwanto ngeentshukumo zethu. Funda ukulisebenzisa eli thuba lokuvala kwakhe. Wakuva ngathi ikho into engaqhelekanga emzimbeni wakho, thetha amazwi engqiniseko yempilo entle kumalungu omzimba. Ukuba ibhanki yakho ayinanto, thetha amazwi abiza ubutyebi nokwanda. Ndiyakuxelela, utshaba alwazi niks!

ISIPROFETO

Usathana akanawo amandla okunditshabalalisa. Ulutshaba nje olungazi nto. Into endiyikhupha ngomlomo wam ihambelana neLizwi likaThixo, hayi ayihambi ngeemeko endijongene nazo. NgeGama likaYesu, uloyiso lolwam! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseKorinte II 2:11

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: lindumiso 138:4-140:13

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesithathu, Julayi 23

PROFETA KULA MATHAMBO OMILEYO

UHezekile 37:4-5

Wathi kum, Profeta phezu kwala mathambo, uthi kuwo, Mathambondini, liveni ilizwi likaYehova. Itshe iNkosi uYehova kula mathambo, ukuthi, Niyabona, ndingenisa umoya kuni; nya kuphila ke.

Izibhalo zisixelela ukuba kle mihla yokuqgibela, onke amaKrestu aza kuba namandla aguqulayo esiprofeto. Nangona kunjalo, kunqabile ukufumana abantu abayisebenzisayo kubomi abo bemihla ngemihla le nto. Esi sifundo singasentla ibonis auThixo eyalela umprofeti uHezekile ukuba aprofete kwintlambi yamathambo omileyo, kwaza ngephanyazo, ahlangu amathambo omileyo aphuma inyama.

Njengomntwana kaThixo, nokuba iimeko ojongene nazo zibonakala zingenabomi kangakanani na, unikwe igunya lokuthetha ubomi phezu kwazo! Namhlanje, thetha amazwi phezu kwemeko yakho, profeta ukuchuma, ukwanda, impiliso, ubuyiselo, wakugqiba ubukele uThixo evusa ekufeni yonke indawo ebomini bakho.

ISIPROFETO

Ndithetha ilizwi lesiprofeto kuyo yonke imeko yam! Ndinawo amandla okuthetha ubomi nokuba ingxaki ingakanani. Ithambo nethambo elomileyo liyavuka NGOKU! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseRoma 10:9

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: lindumiso 141:1-145:7

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesine, Julayi 24

HAMBA ELUTHANDWENI

UYohane 13:34-35

Ndiniwisela umthetho mtsha, wokuba nithandane, njengoko ndinithandileyo nina, ukuze nani nithandane. Ngayo le nto baya kwazi bonke, ukuba ningabafundi bam, ukuba nithe nathandana.

Ngaphandle kokuba ithandwa le vesi, amaKrestu amaninzi enza ngathi agutyungelwe yimfihlelo xa ufikwa kwisithuba sokuyiprekthiza ebomini bemihla ngemihla. Khawufan' ucinge Xa ezinye iinkolo zibonwa ngendlela ezinxibe ngayo okanye inkangeleko yeenwele, aze uThixo yena akhethe uthando ukuba lube yeyona nto yahlula ubuKrestu! Singabantwana bakhe, kubalulekile ukuba singahambi nje eluthandweni lwakhe kodwa sibathande nabo singangqinelaniyo nabo njengokuba noYesu walunabisela kuthi uthando lakhe sisengaboni.

Ukuba izinto uzenza ngomsindo nentiyo, uvumela utshaba ukuba lukulawule, ungaqondanga. Musa ukuvuma ukuba nengqumbo okanye intiyo, nkuba abanye bakwene ntoni na ngaphambili okanye ngalo mzuzu. Lungisa indaba yakho noThixo ngokuthanda nabona bantu bangathandekiyo, uya kububba buqalisa ukuqhubela phambili ubomi bakho.

ISIPROFETO

Ndihamba eluthandweni. Ndibonisa uthando ngendlela endiziphatha ngayo ngeenxa zonke nakwindlela endithetha ngayo. Utshaba alukwazi ukumelana notshaba, ngoko ke ndiyalusebenzisa mna namhlanje! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Kwabase-Efese 5:2

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: lindumiso 145:8-148:6

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesihlanu, Julayi 25

IREKHODI ICINYIWE

KwabaseKorinte II 5:17

Ngoko ke, ukuba ubani ukuKristu, usisidalwa esitsha; izinto ezindala zidlule; bonani ke, zisuke zaba ntsha izinto zonke zakhe.

Nangona uKrestu weza kususindisa ngokufa nokuvuka kwakhe, uninzi lwamaKrestu lusagutyungelwe ziimpazamo obeluzenze ngaphambili. Lusajamelene neziphumo zezo mpazamo nangona sele lufumene usindiso. Noxa oku kuyinyani abayamkeleyo abaninzi, ayizange ibe yijongo kaThixo ngobomi bakho. Isizathu soku kukuba abaninzi abakayiqondi ngokupheleleyo le nto kuthiwa kukuxolelwa. Ukusixolela kwakhe uThixo emnqamlezweni, wacima irekhodi yazo zonke izono zethu zangaphambili.

Kwezomthetho apha kweli hlabathi, xa umntu eliqhashile ityala, irekhodi yakhe iyacinywa, ahlanjwe etyaleni, akasenatyala. UKresu wasenzela loo nto ngomnqamlezo. Wakukhulula ezonweni zakho, lacinywa lonke ityala lakho.. Akuloxhoba lazimpazamo zakho zayizolo; usisidalwa esitsha esikuKrestu, izinto zangaphambili zidlule. Akusaziwa ngezolo lakho!

ISIPROFETO

Ndiyabulela kuThixo izolo lidlule. Ndisisidalwa esitsha kuKrestu, akukho rekhodi yazimpazamo zam zangaphambili. Ingomso lam liqaqambile. Ndiyabulela kuwe Nkosi yam enguYesu Krestu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Ulsaya 43:18-19

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: lindumiso 148:7-150:6; Imizekeliso 1:1-2:9

www.goodnewsdailydevotional.com



Mgqibelo, Julayi 26

IFEYIVA YINKOLISEKO KATHIXO QHA

Iindumiso 5:12

Ngokuba wena uyalisikelela ilungisa, Yehova, ulihlanganisele ngenkoliseko njengekhaka.

Khawube nomfanekiso-ngqondweni woku: phakathi kwesiphithiphithi sokurobha kuxhotyiwe, Isela lidubula ipolisa lisenzela ukwenzela ukuba liliphazamise ukuze kuvuleke indlela yokubaleka. Imbumbulu iphosa le thagethi ibisiya kuyo ize ichane umntu ongenanto yakwenza noko kurobha. Yintoni ebangela ukuba amapolisa angenzakali kodwa kwenzakale omnye umntu? Leyo yifeyiva kaThixo. Singabanntwana bakaThixo, nokuba zithini na iinjongo zotshaba, thina asichatshazelwa ziziphumo zohlaselo lwalo, sibhungca apho njengela polisa liphoswe yimbumbulu.

Ukuba ayivakali kamnandi le nto, ayenzelwanga kuba njalo kakade! NgeNkosi yethu uYesu Krestu, thina silungiselelwe ngokukodwa ukuba siphumele ngaphaya kwamahlandinyuka obu bomi. Sitshaya phambili! UThixo ukubabale kuzo zonke iinkalo zobomi bakho ukuze ube ngaphezu kwabo bahamba ebumnyameni. Xa ufunda ukulisebenzisa iLizwi lakhe, inkoliseko yakhe ifeyiva yakhe engapheliyo iya kukuthethelela!

ISIPROFETO

Ifeyiva kaThixo ayenzelwanga ukuba ibe nefeya (to be fair), yinkoliseko kaThixo qha. NgoYesu, ndinobabalo lokundiphumelelisa ngaphaya nakwabakwicandelo lobuchule elifana nelam. Andikhuphisani namntu mna. Haleluya!

FUNDA UZANDISELE

Imizekeliso 3:4-5

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Imizekeliso 2:10-5:14

www.goodnewsdailydevotional.com



Cawa, Julayi 27

UBIZO LOXOLELANISO

KwabaseRoma 1:16

Kuba andinazintlani ngazo iindaba ezilungileyo zikaKristu; kuba zingamandla kaThixo okusindisa bonke abakholwayo, umYuda kuqala, kwanomGrike.

SingamaKrestu, sibizelwe kwinkonzo yoxolelaniso; sonke sinikwe igunya lokuzuzela uBukumkani imiphefumlo kuyo yonke indawo. Ukuze uphumelele kweli phulo, kufuneka uqiniseke ngokupheleleyo ngomyalezo wakhe, nguye ngokwakhe nangomsebenzi wakhe, eyona mishini yakhe! Kule vesi ingentla, uMpostile uPawulos uvakalisa ingongoma enzulu yolweyiseko, ukuzinikela okupheleleyo; umi ngokuqinileyo kwinto ayiyo uKrestu ebomini bakhe, aze athi ngenxa yoko, alukhuphe engafihlisi ukholo lwakhe.

Kwangale ndlela inye, singabantwana bakaThixo, masingabi nazintlani ngazo iindaba ezilungileyo zikaYesu Krestu; masiyisasaze naphi na apho sihamba khona. Utyetyiswe ngobomi nangoqobo loMoya kaThixo. Yiyo le nto kuyimfuneko ukuba uyidlulisele kwabanye le nyaniso, ube uzalisekisa ubizo lwakho eNkosini ngaloo ndlela. Hambisa ivangeli kaKrestu uzuze imiphefumlo namhlanje. Lubizo lwakho olo.

ISIPROFETO

Ndibizelwe inkonzo yoxolelaniso yaye andenzi nje, ndizuza imiphefumlo. Ndizibhengeza ngenqiniseko ukuba iinzame zam zokukhokelela abantu kuKrestu ziza kuthatha unyawo olutsha lwempumelelo kulo nyaka. Amen.

FUNDA UZANDISELE

Imizekeliso 11:30

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Imizekeliso 5:15-8:11

www.goodnewsdailydevotional.com



Mgqibelo, Julayi 28

KHUSELA INTLIZIYO YAKHO

Imizekeliso 4:23

Nazintweni zonke zigcinwayo, londoloza intliziyo yakho;

Uluvo lokuba kufuneka uyilondoloze intliziyo yakho alunto intsha okanye ingaziwayo phakathi kwamaKrestu. Kodwa ke luthetha ukuthini olu luvo? Hlala nam ke, undive kakuhle. IBhayibhile isibonisa ukuba iingcinga zakho ziphuma entliziyweni yakho kwaye ubuntliziyo bayo (ikharekhtha yayo), butyhila imeko ekuyo. Xa wawuzalwa ngokutsha, wanikwa intliziyo ezaliswe luthando, ezaliswe nguThixo ubuqu, undoqo. Njengabantwana bakhe, ukuyilondoloza ke kuthetha ukuyigcina eNkosini, kuba kulapho ugqibelelo lwayo lukhoyo.

Imizekelo emininzi kwizibhalo, ukusuka kuDavide ukuya kuSolomon, ibonisa iziphumo ezinobungozi zokungasigcini isimo sakho esisulungekileyo. Xa ungayenzi loo nto, uvumela iimpembelelo engahluzwanga yotshaba ukuba ichaphazele ubomi bakho. Musa ukuze uvumele ikratshi, ingqumbo, umsindo, ulunya nentiyo ukuba zimile ebomini bakho; ziyityhefu ezo zinto entliziyweni yakho. Endaweni yoko, gcina intliziyo yakho ingcwalisekile ngeLizwi likaThixo utsho ungqine ukulunga kwakhe kuyimvula ndawo yonke yobomi bakho namhlanje!

ISIPROFETO

Namhlanje, intliziyo yam ndiyingcinga ngomlilo ovuthayo. Iziphazamiso zeli hlabathi azinakuze zinditsale ndimke ekungcwalisweni kwam, ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseFilipi 4:8

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isandla sakho sanamhlanje: Imizekeliso 8:12-11:11

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesibini, Julayi 29

SINGUMSEBENZI WEZANDLA ZAKHE

Kwabase-Efese 2:10

Kuba thina singumsebenzi wakhe, sidalelwe kuKrestu Yesu, ukuze sense imisebenzi elungileyo, awayilungisayo uThixo ngenxa engaphambili, ukuze sihambe kuyo.

Into eqhelekileyo phakathi kweenkampani ezininzi kukuba xa zisebenza ukuelisa into okanye iprodakthi, njengemodeli entsha yemoto okanye ifowuni, ziba neqhaya, ziziqenye ngomsebenzi wazo kwaye zithanda ukwaziwa ukuze zizo eziyivelisileyo loo prodakthi. Yindlela le ke akujogna ngayo uNkosi uYesu nawe. Kambe wena akuyomoto okanye fowuni kodwa indalo kaThixo yenziwe ngokugqibeleleyo, ayinazibhagi, ayinabhetri ifelishayo! ILizwi likaThixo xa likuchaza lithi ungumsebenzi omhle wakhe nowezandla zikaMdlali ogqibeleleyo!

UTHixo ukubeke uphawu lwakhe lwanaphakade, oko kuthetha ukuba akalindelanga ukuba unikezele kwizinto ezinjengokugula, ubuhlwempu kunye nezinye izinto zeli hlabathai ngenxa yokuba ukwenze waphakama kunazo. Ukwenze womelana kunaso nasiphi isixhobo esinokuluphosa kuwe utshaba. Musa ke ngoko ukucinga ukuba udalelwe nje ubomi obungenamsebenzi. Wenziwa awabi naziphako. Ungumsebenzi wezandla zakhe.

ISIPROFETO

Ndiyiprodakthi egqibeleleyo. UThixo undidale ndagqibelela engqondweni. Ubomi bam abunaziphene! Ndingumsebenzi wakhe nowobuchule bezandla zakhe; Amen.

FUNDA UZANDISELE

lindumiso 139:14

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Imizekeliso 11:12-13:25

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesithathu, Julayi 30

UKUZINZA ENGQONDWENI ENYE

EkaYakobi 1:8

Kaloku umntu ongqondo ilala neli, ivuke neli, akaze abe nazigqibo zanto.

AmaKrestu amaninzi athetha amazwi okholo, eyalela amandla emathanjeni awo, inkalipho noxa bejongene neemeko ngeemeko, uloyiso kwimingeni ngemingeni, ukanti izenzo zabo noxa zikhatshwa ngamazwi abawathethayo, ziphikisana ngqo nabakuvumayo, iikhomfeshini zabo! Akukwazi ukulala, uvuke neli kwizinto zikaThixo. Uyakholelwa ngokwenene kumandla akuphe wona okanye uphila ubomi obugutyugelwe ngamathandabuzo?

Xa uneengqondo ezimbini, esi sibhalo singentla kwiAmplified Bible sithi, akuzinzanga, unamathandabuzo, akuthembekanga! Asibobomi bulungileyo obo kuMKrestu.

Hamba ngenkalipho nokuzithemba kwizithembiso zikaThixo IBhayibhile isixelela ukuba akanjengamntu yena, akaxoki. Oko kuthetha ukuba ukunike onke amagunya kobu bomi. Inene ukunikile! Zinza engqondweni, ujonge phambili, ungathandabuzi malunga noBukumkani bakhe.

ISIPROFETO

Ingqondo yam izinzile! Andiphazamiseki lula ziziphazamiso ezingento yanto zalo mhlaba. Ngentliziyo yam yonke ndigxile kwizinto zikaThixo! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Kwabase-Efese 4:14

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Imizekeliso 14-16

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesine, Julayi 31

THULA UTHI TU ESETINI!

Iindumiso 34:19

Buninzi ububi obulihlelayo ilungisa, ke uYehova ulihlangula kubo bonke

Khawube nomfanekiso wakho ungumdlali kwiseti yefilimu enkulu iblockbuster. Uchithe iiveki ulungiselela ukudlala indima ethile, ufunda iilayini zakho nekhoriyografi yonke imihla ufuna ukuqinisekisa ukuba uyaphumelela. Iskripti sakho, wena mdlali uphambili, sibhalelwe ukuba ukuba uyaphumelela! Le ke yile ndlela umele ukuhamba ngayo ebomini bakho ungumngutwana kaThixo nje! Izibhalo ezingcwele zisixelela ukuba ubomi esibuphilayo buyincwadi ebhaliweyo! Iskripti ekuwina wena kuso. Nokuza zinjani na iingxaki ojamelene nazo, impumelelo yakho iqinisekile; wena nje dlala eyakho indima.

Zilungiselele njalo ngokuhlala usidla apha eLizwini lakhe. Akukho dabi linamandla entshabalalo kuwe. Ivesi engentla apha isixelela ukuba uThixo sele ekukhulule kubo bonke ububi onokuhlangana nabo. Kule muvi, nguwe owoyisayo ekugqibeleni!

ISIPROFETO

Mna ndiwina nakuyiphi imeko! Njengakwiseti yefilimu, ukuba nje ndilandela le ouk kubhaliweyo phambi kwam, iLizwi likaThixo, ngokuqinisekileyo ndiza kuphumelela nakuyiphi na imeko! Amen.

FUNDA UZANDISELE

EkaYohane 1 5:4

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Imizekeliso 17-

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesihlanu, Agasti 1

IINDUKU NAMATYE

Imizekeliso 18:21

Ukufa nokuphila kusemandleni olwimi; abaluthandayo baya kudla isiqhamo salo

Kukho isaci esidumileyo esithi, iinduku namatye zingandophula amathambo, kodwa amazwi am akasoze andenzakalise.” Noxa amazwi abanye engenakukwenza nto xa uwaphikisile, amazwi owathetha ngowakho umlomo ngawe anganeziphumo ezibi neziyingozi ebomini bakho kunokuba ucinga! Indawo okuyo namhlanje ebomini iyimveliso yamazwi okhe wawathetha.

ILizwi lithi ukufa nokuphila kusemandleni olwimi lwakho, oko kuthetha ukuba nayiphi imeko efileyo, edodobeleyo, ebomini bakho ingavuka ngamandla omlomo wakho. Ukanti, ukuba uthetha amazwi amabi ngawe, impumelelo ayinakubakho! Namhlanje zikhethela ukuwabala amazwi akho. Uya kuzibona zisiwa iintsikelelo zikaThixo phezu kwentloko yakho ngendlela ongazange wayibona.

ISIPROFETO

Amazwi endiwathethayo anamandla, abukhali, agqitha ikrele elintlangothi-mbini! Ngamandla olwimi lwam, kuvuka yonke imeko efileyo ebomini bam nakwabo bandingqongileyo. Izinto ezinkulu ziyenzeka eGameni likaYesu!

FUNDA UZANDISELE

EkaYakobi 3:5-6

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Imizekeliso 21-23

www.goodnewsdailydevotional.com



Mgqibelo, Agasti 2

IMIMANGALISO VS IINDLELA

lindumiso 103:7

Umazisi weendlela zakhe kuMoses, wezenzo zakhe ezincamisayo koonyana bakaSirayeli.

Kukho umahluko owenziwayo phakathi kweendlela zikaThixo nezenzo zakhe! Ngexesha likaMoses, amaSirayeli ayeqhele ukubona imimangaliso kaThixo. Azibona izibetho ezilishumi zaseYiphutha, alubona ulwandle luqhekeka kubini; ayezazi izenzo zakhe kodwa ayengazi nto ngeendlela zakhe njengoMoses! Abaninzi kumzimba kaYesu (inkonzo), bafuna ukubona imimangaliso bengakukhathalelanga kodwa ukuba nobudlelane nalowo ungumthombo wemimangaliso!

Xa ungena endlwini yeNkosi, kufuneka ube nomdla wokumazi ngakumbi, hayi kuphela oko anokukwenzela kona! Xa uqinisekisa ukwakha ubudlelanene Nkosi, iintsikelelo zakhe ebomini bakho ziqinisekisiwe. Xa uziphengulula nzulu izibhalo okanye uphakamisa ubomi bomthandazo, uzazisa okanye ufunda ngeendlela zakhe yaye ngokwenjenjalo, uvula itephu yobabalo nenkoliseko kaThixo!

ISIPROFETO

Kuba ndizazi izenzo zikaThixo kunye neendlela zakhe, ndiprofeta inqanaba lokusondelana noThixo kulo nyaka elingafaniyo nanye into. Ubabalo nenceba kaYehova ziyaphuphuma ebomini bam ngeGama likaYesu!

FUNDA UZANDISELE

EkaYakobi 4:8

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Imizekeliso 24:1-27:10

www.goodnewsdailydevotional.com



Cawa, Agasti 3

NGENA ENZULWINI

ULuka 5:4

Akupheza ke ukuthetha, wathi kuSimo, Khwelelisela enzulwini, nihlisi iminatha yenu.

Emva kokushumayela eGalili, uYesu wathi emi ngakunxweme lwaseGenesarete, wabona abalobi, uSimon Petros neqela lakhe, behlamba iminatha yabo, bengabambisanga kwanto. Babebulaleke ubusuku bonke abalobi abo, iminatha bedede bayiphosa elunxwemeni! Kumazwi alandelayo athethwa nguYesu kukho nto ityhilwayo! “Ngena enzulwini, nihlise iminatha yenu.” Wathi akuthobela umyalelo uPetros, babambisa iintlanzi ezininzi kangangokuba yada yaqhawuka iminatha yabo!

Ungumntwana kaThixo, akukwazi ukuba ungalindela isivuno esikhulu uhleli ngaselunxwemeni. Unxweme yiloo ndawo ikumbambazelayo, ithi zola, yinto oyiqhelileyo. Kodwa ukuba ufuna uxhamla bonke ubuThixo bukaThixo kulo nyaka wokuqhawuka kwezibophelelo, umyalelo kaThixo kuwe uthi NGENA ENZULWINI! Thandaza ngakumbi, hlwayela ngakumbi, khonza ngakumbi; dadela enzulwini ngankalo zonke zobudlelane bakho noThixo, uya kuwabona ethululeka amathuba emnatheni wakho!

ISIPROFETO

Ndiya enzulwini ngoku! Ukususela namhlanje, ndingena nzulu kwizinto zoBukumkani bukaThixo! Ndifana nentlanzi isukela ehukwini ithiyiselwe. Kulo unyaka, amathuba amatsha agxalathelana eza kum. Kuyaphuphuma! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Iindumiso 42:7

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Imizekeliso 27:11-30:33

www.goodnewsdailydevotional.com



Mvulo, Agasti 4

UMHAMBELIZWENI LAM

KaPetros 1 2:9

Ke nina nisisizukulwana esinyuliweyo, isibingeleli esibukumkani, uhlanga olungcwele, abantu abayinqobo, ukuze nivakalise isidima salowo wanibizayo ekukhanyeni kwakhe okungummangaliso;

Ukuba ngumphambukeli elizweni lakho kuthetha ukuhlukaniswa namasiko okanye iindlela zokuphila zoluntu nelizwe lakho. Noxa inokua neentsingiselo ezingalunganga emhlabeni, kumntwana kaThixo, le yinyani eyinzuzo kuwe! Hlala nam uzokuva. Ivesi engentla ithi kuba wena wakhetha ukwamkela uYesu njengeNkosi yobomi bakho, usisizukulwana esinyuliweyo, isizwe esingcwele, umntu owahlukileyo nokhethekileyo, ngoko wahlulwa ngoko nangoko kwizinto zeli hlabathi nkalo zonke!

Nayiphi into esijongene nayo esi sizukulwana ukuso, akuchaphazeleki kuyo kuba ungowesizukulwana esikhethiweyo! Izidubedube kwezoqoqosho kwilizwe lakho, okwenzeka kwamanye amazwe okanye izinto ezichaphazela impilo, wena unguMKrestu nje ezo zinto azinagunya kwimpumelelo yakho kuba ungowesizwe esingcwele esingenazikhalazo zasemhlabeni! Ungowasebukhosini, akufani nabanye. Ungumhambi, umphambukeli wena kwiingxaki zeli lizwe.

ISIPROFETO

Ndihlala kweli lizwe kodwa andingoweli hlabathi! Andinasabelo kwizinto zeli hlabathi Ndisisizukulwana esinyuliweyo! Ndingaphaya kweesistimu zokuphila kweli hlabathi. Amen

FUNDA UZANDISELE

UYohane 17:16

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Imizekeliso 31; Intshumayeli 1:1-3:8

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesibini, Agasti 5

UMSEBENZI WAM UNENGENISO

Imizekeliso 14:23

Ekubulalekeni konke kubakho ungeniselo; Ke ukuthetha komlomo kubanga ukuswela kodwa.

Ubusazi na ukuba njengimntwana kaThixo yonke into oyibmbayo kufuneka ibe neprofithi? Andithi ezinye izinto, ndithi yonke into. Zonke! Noxa iyiyo le inyaniso, uninzi lwamaKrestu namhla oku asahlwempuzeke ngokungathethekiyo, anezigulo, yaye abhuqwa yintswelo embi kuba amazwi awo awawaxhasi ngezenzo. Ekuqaleni konyaka, iibhiliyoni zabantu zijoyina iingxoxo ngezigqibo zonyaka omtsha abazimisele ukuzithatha ukuzama ukutshintsha izinto kwisithuba seenyanga ezilishumi elinesibini. Le vesi ingentla isibonisa ukuba xa usilela ukwenza ngokwezicwangciso, uthetha nje, uya kuba lihlwempu!

Igama elithi ingeniso okanye iprofithi alithethi ngezimali nje kuphela, likwathetha inzuzo, imveliso, ukuxhamla okanye umvuzo; nokuba unengxaki kwezemfundo, ezosapho okanye umtshato. Yazi ukuba konke ukusebenza kwakho kufuneka kube nempumelelo. Yale tu into yokuthetha nje ungenzi. Yenza! UThixo sele ekwenzele amalungiselelo awodwa okuba uchume. Yima uzinze kwizicwangciso zakho, ubone okuza kwenzeka!

ISIPROFETO

Kulo unyaka, yonke into endiyenzayo izala isiqhamo. Ndinempumelelo egqithileyo. Ndiza kuwaxhasa ngezenzo amazwi am. Akukhathaliseki nokuba liliphi icandelo, WONKE umsebenzi wam uzala iprofithi, ngeGama likaYesu!

FUNDA UZANDISELE

UYobhi 22:28-29

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Intshumayeli 3:9-8:17

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesithathu, Agasti 6

AMAZWI KADELILA

Abagwebi 16:16

Kwathi akumxina ngamazwi akhe zonke iimini, emele, wakhathazeka umphefumlo wakhe, wasingisa ekufeni.

UDelila akazange amhende ngomzimba wakhe uSamson, koko ngamazwi akhe. Ibali lakhe asilobali nje elingokuhendwa neenkanuko zenyama ezisisizathu sokuwa komntu, kodwa likwabubungqina bokubaluleka kokujonga ukuba ngubani omsondeza kuwe, engumntu othetha njani! USamson wayenamandla amakhulu awayewanikwe nguThixo kodwa ngenxa yomntu omnye awamsondezayo kuye, waphambuka ngokupheleleyo endleleni.

Amaxesha amaninzi eBhayibhileni siboniswa indlela amazwi enkohliso okanye angcolileyo anokusetyenziswa ngayo njengesixhobo sokukuchasa, kangangokuba umtyholi naye wazilukuhlela izithunyuwa zasezulwini ngamaziw akhe kuphela – engenzanga ntshukumo! Ikamva lakho lingakrazulwa, lichithwe ngamazwi owamamelayo. Khetha ukususa zonke iintloo onokuphazamiseka ngazo, zibe yingozi kwinto akubizele yona uThixo. Qhawula lonke elo khonkco, lonke elo tsheyina kulo nyaka. Unawo amandla. WASEBENZISE!

ISIPROFETO

UThixo uhlala kuma, andisoze ndoyiswe. AKukho mazwi otshaba aza kundisusa endleleni. Lonke ilizwi elathethwayo endibotshelelwe ngalo kumtyholi namahlakani akhe maliqhawuke ngoku, ngeGama likaYesu! Amen

FUNDA UZANDISELE

KwabaseKorinte I 15:33

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Intshumayeli 9-12; Ingoma 1-2

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesine, Agasti 7

UMTHANDAZO OVEZA UBUNGQINA

ULuka 11:1

Kwathi, esendaweni ethile ethandaza, akupheza, wathiothile wakubafundi bakhe kuye, Nkosi sifundise ukuthanda.

Abafundi bakaYesu babengamaYuda aqinisekileyo awayeqhele ishediyuli yokuthandaza ngeemini ezininzi ezingcwele ezisekelwe kumthandazo ofana neYom Kippur okanye iSabatha emiliselwe kwindlela yabo yokuphila, nto leyo yongeza umothuko xa ngoku bebuza iNkosi uYesu ukuba mabathandaze njani na. Kwesi sicatshulwa kuvezwa inyaniso yasemoyeni. Hlana nam wena.

IBhayibhile isibonisa ukuba amaxesha amaninzi phambi kokuba uYesu enze eminye yemimangaliso emininzi kwiTestamente eNtsha. Sibonisa ethanda ukuzithi cebu, aye kuthandaza. Xa babembuza ngomthandazo, babebuza indlela yokuvelisa iziphumo ngomthandazo!

Uninzi lwamaKrestu namhlanje, ngenxa yokungaqondi ukuba umthandazo wenzelwe ntoni, luwuphelelisela nje kwizinto ezingeni ezinjengokucela into kuThixo. Umthandazo kukwakheka kwakho! Umthandazo yakha ngawo elakho ilizwe, misela indlela omabume ngayo ubomi bakho, uya kuzibona iziphumo rhoqo uthandaza.

ISIPROFETO

Ndixhaswe ngumthandazo oqhutywa ngamandla kaMoya! YONke into endiyithethayo namhlanje emthandazweni wam iza kwacha ubomi bam boBukumkani, ubomi obusikelelekileyo, ubomi obunempumelelo nkalo zonke. Halleluya!

FUNDA UZANDISELE

EkaYakobi 5:16

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Ingoma 3-8; Ulsaya 1:1-9

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesihlanu, Agasti 8

AKUKHO MNTU USISIQITHI

KwabaseFilipi 1:7

Njengokuba ndilungisa ukucinga oko ngani nonke, ngenxa yokuba nikum entliziyweni, nithe, nasezintanjeni zam, nasekuziphenduleleni kwa, nasekuziqiniseni kwam iindaba ezilungileyo, naba ngamadlelana nam ngobabalo olu, nina nonke.

Kukho intetho eqhelekileyo ebhekisa ekubeni umntu akayonkomo edla yodwa esithi, 'Umntu akasosiqithi solwandle; wonke umntu ungomnye phakathi kwabanye, uphume kwenye into.' Ingaakumangalisa into yokuba uninzi lwabanu abangoosozigidi noozibhiliyone obaziyo bayiprodakthi yezimvo, izixhobo zomnye umntu okanye ingqondo yomnye umntu. Uyise kaMnu, Bill Gates wayenenkampani eyayineemiliyoni nje ngelixa umama wakhe wayengusomashishinikazi onempumelelo nowamdibanisa nabanye abaphezulu abamncedayo kwezakhe iinkampani ethubeni.

Impumelelo yakho ayigqitywa ngabefemeli yakho kodwa ungumntwana kaThixo, koko iphuma kubabalo oyinxalnye yalo! Xa ukholelwa kwiimfundiso nesityhilelo somntu, uzibophelela ngokuthe ngqo kuzo nenzuzo ekubabalo abaluphetheyo. Awukwazi ukusilela, ufelishe, kuba ubabalo nenkoliseko (ifeyiva) kaBawo yokuba uphumelele ikuwe. Akusosiqithi sona simi sodwa, uyinxalanye yelizwe elichumileyo, elityebileyo Lubabalo lukaThixo, isizwe esibizwa ngokuba yi-GoodNewsNation!

ISIPROFETO

Andisosiqithi, andimntu uyedwa. NdingoweSizwe esihlumileyo nesichumileyo. Andinakuze ndiwe phantsi ngoba ubabalo endixhamla kulo lundanele. Amen.

FUNDA UZANDISELE

UYohane 1:16

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Ulsaya 1:10-5:1

www.goodnewsdailydevotional.com



Mgqibelo, Agasti 9

NDINGOWASEBUTHIXWENI

KaYohane1 John 5:13 (KJV)

Ndinibhalele ezi zinto, nina nikholwayo kwigama loNyana kaThixo, ukuze nazi ukuba ninobomi obungunaphakade, nokuze nikholwe kwigama loNyana kaThixo

Uphononongo lubonisa ukua iipesenti ezintlanu ukuya kwezilishumi kuzo zonke izifo nezigulo ezibulalayo zihamba nomnombo wefemeli, oko kuthetha ukuba igazi elibi lingadala ukuba abantu belo khaya batsale nzima ubomi obu. Njengokuba ukuKrestu nje, uThixo ukunike ithuba lokuba kusapho olutsha olukhululekileyo kumatyathanga abopha abo basahleli ebumnyameni! Ukuzazi ukuba ungubani na kuKrestu kunamandla okukuqhubela empumeleleni, kanye nngolu hlobo wayekudalele ukuba ube lulo.

Abantu ababengamakholwa eBhayibhileni, abafana noMpostile uYohane, babeqhelene noku kagangokuba kumawaka eminyaka elandeleyo xa kuthethwa ngaye kuthiwa nguYohane Ongcwele! Xa unokuqonda ukuba ukudale wangubani na uThixo, ungakhawuleza ukuwaqhawula amatsheyina obotshwe ngawo lutshaba. Namhlanje, khetha ukuphila kwinyaniso engenakuphikiswa yokuba unguthixo, akukho sigulo okanye luhlobo lwantswelo lunamandla okulandela eli gazi lakho limsulwa, ligqibeleleyo!

ISIPROFETO

Ndingowezulu, ogqibeleleyo! Ndingowomnombo kaThixo, umzimba kaKrestu. Igazi elimsulwa nelingakonakala! Ndiphila ubomi obufezekileyo kuba ndikholelwa kwigama loNyana kaThixo! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseKorinte II 3:18

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Ulsaya 5:18-9:12

www.goodnewsdailydevotional.com



Cawa, Agasti 10

NGOKU NGAPHANDLE KOKULIBAZISA

lindumiso 84:11

Ngokuba ulilanga, uyingweletshetshe uYehova uThixo. UYehova uyababala, azukise; abahamba ngokugqibeleleyo akabavimbi nto nto ilungileyo.

Le vesi ingentla isibonisa ukuba uThixo ubenzela ububele, abanike isidima abantwana bakhe, angabandezi nento le kubo. Oko kuthetha ukuba akananto yakwenza nokufelisha kweshishini lakho, umtshato wakho, imfundo yakho okanye ubomi bakho jikelele. Umbuzo ke uthi, kutheni le nto sifumana amaKrestu athetha izilwimi, azikowuta zonke iivesi, esakhalaza emithandazweni nasezincokweni zawo ngokuba iintsikelelo zawo zivalelwa ngumtyholi? Ingakothusa into yokuba noSathana akakwazi kuzibambezele okanye kuzinqanda iintsikelelo zakho! Anganazo nje iimpembelelo ebomini bakho xa umvumela. Khumbula, uThixo wethu, ongoyena mkhulu, uphila apha kuwe. Akukho nanye into enamandla okumsusa esihlalweni sakhe ngaphandle kokuba kuthande wena.

Wonke umqobo onokuba ukhe wajongana nawo ebomini akubekele bona uThixo, ungawubona uwutshabalalise gamandla kaMoya oyiNgcwele ophila kuwe ngaphakathi nangokusebenzisa imigqao yeBhayibhile. Akukho mandla eedimoni agqithe amandla obabalo lukaThixo kuwe anokuchithachitha inceba kaThixo kuwe kulo Nyaka, iYear of the Chain-Breaker! Kuqhawuka izibophelelo kulo! UThixo akakubande nto intle nelungileyo! Thetha uthi zonke izinto ezilungileyo nezintle ziza zigilana kuwe ngaphandle kokulibazisa!

ISIPROFETO

Akukho cebo likamtyholi linokunqanda into uThixo andibekele yona kulo nyaka. Utshaba andizi kuluvumela lumise okanye lubambezele okukokwam ngokufaka iinzipho ezintweni zam. Unotshe! Iintsikelelo zam ziza kum NGOKU, ZINGALIBAZISANGA, ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

UHezekile 12:28

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Ulsaya 9:13-13:16

www.goodnewsdailydevotional.com



Mvulo, Agasti 11

INTSASA IFIKILE

Kwabase-Efese 4:26-27

Xa nicaphukile, umsindo mawunganiqwewediseli esonweni; futhi malingade litshone ilange ninomsindo. Umtyholi musani ukumvulela indawo ebomini benu

Yinto elusizi kodwa eqhelekileyo ukuba amaKrestu abe neempawu ezinjengomsindo okanye iphuku, engakhe azibuze ukuba unobangela welo fufunyana okanye dimoni usuka phi na. Umsindo ongalawulekiyo ungabutshabalalisa ubomi bakho. Uza ungaze uyivumele ikulawule ngendlela obubona ngayo ubomi. Qaphelaukub ukho umahluko phakathi kokuwufihla umsindo wakho nokuyekelela! Abaninzi baza kuthi abanamsindo kodwa ngaphakathi babe beneengqumbo ezigqiba amandla. Endaweni yokuba ugcume ngaphakathi, uthule, kwale tu ukudandatheka nomsindo koko uphile ngovuyo noxolo.

Le vesi ingentla isibonisa ukuba ngokuvumela inzondo, umona, ikratshi okanye ukungaxoleli kuthwaxe ubomi akho, uvulela utshaba ukuba luzivulele ucango lube nefuthe nolawulo kwiimeko zakho zokuphila. Mayipheli imini uqumbile. Kusile, ebikuqumbisile izolo yiyeke. Gcwala luvuyo nenzolo namhlanje!

ISIPROFETO

Kusile bo! Andizi kulawulwa zezaphezolo, ezale veki iphelileyo, nditsho nokuba zezanini na kakade! Yimini etsha le! Ndikhetha ubomi bovuyo noxolo lwasemazulwini ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

EkaYakobi 1:20

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Ulsaya 13:17-19:10

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesibini, Agasti 12

UTHELEKISO NGETHIVI YAKUDALA

KwabaseKolose 2:6-7

Njengokuba ngoko namamkelayo uKristu Yesu iNkosi, hambani kuye, nendele nakhelwe kuye, naqiniswa ngokholo, njengoko nafundiswayo nafezeka kulo, ninombulelo.

Uyazazi ezaa thivi zakudala ngathi ziibhokisi? Leya yakudala kwakufuneka uyibeke endaweni ethile engqamene ne-eriyali yangaphandle ukuze ifumane isignali, ukanti ezangoku azinjalo. Xa ezi eriyali zangaphandle zingakonekhthwanga kakuhle, ayibonakali kakuhle imifanekiso ethivini, yaye iye iba mbi nangakumbi de iyeke tu ukubonisa, ishishize! Ungumntwana kaThixo, nawe uthi ukuze usebenze ube ukonekthene noBawo wethu. Iantena uyityhuna ngokujonga eZwini leNkosi nakwinjongo yakhe ngawe kobu bomi.

Ukuba uzibhaqa ngathi uyalahleka, tshekisha isignali. Usakonekthene nobungcwele? Kulo Nyaka wokuqhawuka kwezibophelelo, jonga ii-antena, ii-eriyali zakho, uzibuyise wayamane nenjongo kaBawo ngawe ukuze kuzokuthi gca yonke into emehlweni akho!

ISIPROFETO

Ndiza kuhlala ndikonekthene noThixo kunye nenjongo yakhe nga! Andizi kulahleka endleleni xa ii-antena zam ziwatsala kakuhle amaza phezulu eLizwini likaThixo! Isignali ndiyibambe kakuhle kulo nyaka, icebo likaThixo ngobomi bam ndilibona ngokuthe gca! Amen.

FUNDA UZANDISELE

UYohane 15:1

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Ulsaya 19:11-24:6

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesithathu, Agasti 13

UVUTHISWE EMLILWENI WEENKX-WALEKO

Ulsaya 48:10

Uyabona, ndikunyibilikisile, akwaba ngokwesilivere; ndakucikida ezikweni leentsizi.

Iprosesi yokwenza isilivere isulungeke ibizwa ngokuba yicupellation. Kule prosesu, isilivere engcolileyo igqatswa ebushushwini obuphezulu kakhulu, esityeni esilungiselelwe loo nto esibizwa ngokuba yicupel, nesidizayinelwe ukufunxa iimethali ezingafunekiyo ezinjengelothe nekopolo (ubhedu), ekhoyo kwintsimbi ekrwada, engacocekanga. Xa ifudumala imethali le, ezinye ezi ziyatsha zingene kwicupel, kusale isilivere esulungekileyo yodwa!

Amaxesha amaninzi amakholwa amaninzi ayakhawuleza ukutyhafa xa uhlaselo luvela macala onke. Unobangela woku kukungakwazi ukuqaphela ukuba kolo sunduzwano, bakwiprosesi yokuhlanjululwa kuloo mlilo eentsizi neenkxwaleko! Kanye njengesilivere, ukuba uthe akwajongana neprosesi yokusulungwa emlilweni, uhlala ungcolile, ukude nokugqibelela kwakho akunqwenelela kona uThixo. Kwale ukuphila ngoloyiko xa kuvela imiceli mngeni. Akukho dabi linzima ukuba lingakulimaza. Uyaphuma apho kuanjalonje uphuma umkhulu yaye ungcono, ucoleke ikhulu leepesenti!

ISIPROFETO

Utshaba aluzi kuliphumelela eli dabi luliqalileyo! Yonke into endijongene nayo ukuza kuthi ga ngoku iye yandicoca, yandinyundulula ukuze ndibe ngumkhonzi osulungekileyo weNkosi! Amen.

FUNDA UZANDISELE

EkaPetros I 1:6-7

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Ulsaya 24:7-28:22

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesine, Agasti 14

UCINGA UKUBA UNGUBANI NA?

Imizekeliso 23:7

Kuba njengoko anjalo ocinga yedwa, unjalo yena; uthi kuwe, yidla usele, ukanti intliziyo yakhe ayinawe.

Ngelixa ibinzana elithi “ucinga ukuba ungubani na” lisetyenziswa rhoqo ukujongela phantsi abantu xa kuziingxoxo, kweyakho ihambo noThixo kubalulekile ukuba uphile ubomi bengqibelelo owenzelwe bona nguYe. Le vesi ingentla isixelela ukuba umntu uyile nto ayicingayo. Qalisa ucinge ukuba ubutyebi bobakho, impumelelo sisabelo sakho, cinga ngendlela obabalwe ngayo nakuthanda ngayo uThixo, yonke into emalunga nobomi bakho nokulungileyo yeyakho. Wakuqalisa ukukholelwa ngokomoya, indalo yakho iza kunyanzeleka ilandele, ingene emgceni!

Xa uphila ngokuthemba ukuba ungubani na uKrestu akwenze wanguye, akunakuze ubhuqwe zizinto ezinjengokuzithathela phantsi okanye ukudandatheka. Kwixesha elizayo xa umntu ezithi kuwe, “Ucinga ukuba ungubani,” phendula ngeshori uthi ndiyichain-breaker, umqhawulimatyathanga, ndingumpumelelo kuzo zonke iinkalo zobomi bam, **NDINGUMSEBENZI KATHIXO**’

ISIPROFETO

Ndingulo kaye uThixo andibizele ukuba ndibe nguye! Ndizibona ngale Ndlela uKrestu andibona ngayo. Ndiphezu kotshaba kunye namaqhinga alo angenaziqhamo! Ndimele uThixo Osenyangweni – alikho igama elithi ‘ukufelisha’ ebomini bam, ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Kwabase-Efese 2:10

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Ulsaya 28:23-32:20

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesihlanu, Agasti 15

UMFUZISELO WENGONYAMA

UMateyu 14:23

Ezindulule ke izihlwele, wenyuka intaba ngasese, ukuba athandaze. Kwahlwa ke ekhona apho yedwa.

Akuyomfihlo ukuba phaya phakathi kwezilo zasendle, iNgonyama yiyo ephezulu, iyiNkosi yezilo zasendle. Kodwa, ingaba ubusazi ukuba ingonyama ichitha ixesha layo elininzi ilele? Iiyure ezilishumi elinesithandathu ukuya kwezingamashumi amabini zosuku izichitha iziphumelele, iqokelela amandla okuzingela ebusuku! Kule vesi ingentla, sibona iNkosi uYesu ikhulula abafundi bayo, isiya kuthandaza yodwa; intsingiselo yalo wona umthandazo iboniswa kwiziganeko ezilandelayo. Emva kwexesha eyedwa, uye wenza owona mmangaliso waziwa ngokubanzi kwizifundo zethiyoloji: INkosi yahamba ohezu kwamanzi!

UnguMKrestu, kubalulekile ukuba uyamkele le ndlela yakwangonyama, le ikukuqonda ukuthatha ixesha usenza amandla, uritshaja, ngomthandazo. Ngolu hlobo kanye ingonyama iqokelela ngayo amandla ayo, ungawaqokelela nawe, uhlaziye ubomi bakho ngomthandazo. Ukuba ubunokukholelwa kule nyaniso ngokwakwamoya, iziphumo eziya kulandela zinamandla angenambaliso, alingene ukugungqisa iziseko zento obukade ucinga ukuba ayinakuze yenzeke!

ISIPROFETO

Xa ndithanda ndikuMoya oyiNgcwele namhlanje, ndyazivuselela, ndiyazitshajela umsebenzi ngamnye endiza kujongana nawo. Ndiyawuchasa wonke umthetho wendalo ojolise ekundaleleni ukuba ndiphumelele, ngeGama likaYesu

FUNDA UZANDISELE

ULuka 18:1

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Ulsaya 33:1-37:29

www.goodnewsdailydevotional.com



Mgqibelo, Agasti 16

UKUTHULA AKUSOSISOMBULULO

UMarko 10:48

Baye abaninzi bemkhalimela ukuba athi tu; kwaba kokukhona ke wadandulukayo ngakumbi, esithi, Nyana kaDavide, ndenzele inceba.

Esinye sezixhobo ezikhulu zikamtyholi sokuchitha injongo yomntwana kaThixo kukumchitha ngeempembelelo zabantu aphila phakathi kwaboBaninzi abayona njongo yabo iphambili ikukukrwitsha, ikuvalele ungakhuli eNkosini okanye bangumqobo phakathi kwakho neentsikelelo zakho. Baneentetho ezithi, “Ukholelwa kwinto yonke eseBhayibhileni na wena?” okanye “UThixo akangeni kuyo yonke into. Utheni ngathi akunabomi nje wena?” okanye “Yintoni na le inikhwazisayo xa nisekaweni?” Kwesi sicutshulwa singentla, imfama uBhartimeyu yafumana ukuphiliswa okusekelwe kwimpendulo yakhe kwiLizwi likaThixo! Naphakathi kwesihlwele esasimngxolisa ngenxa yengxolo yakhe, akazange athi cwaka!

AmaKrestu azolileyo afa ngokuzolileyo; kwiinyaniso zikaMoya, ukuthi cwaka akwamkelekanga! AmaKrestu namhlanje ayaphoswa ziintsikelelo uThixo azigcinele wona ngenxa nje yokuba esilela ukubonakalisa ukubuqonda ubukho bakhe ebomini bawo ngomgangatho wempendulo yawo. Nawe njengoBhartimeyu imfama, xa uThixo esibeka phambi kwakho isisombululo, uze ungaze uvumele nabani na ukuba akuvale umlomo, athi thula!

ISIPROFETO

AndingoMKrestu uthuleyo. Andikwazi tu mna ukuthula. Ndithetha amandla aguqulayo eLizwini likaThixo ukuba amilisele iingcambu ebomini bam ngoku njengoko ndiyalela yonke into elungileyo ukuba yenzeke kum namhlanje ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Ulsaya 55:6

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Ulsaya 37:30-40:31

www.goodnewsdailydevotional.com



Cawa, Agasti 17

IMPINDEZELO YEKATHIXO

KwabaseRoma 12:18-19

UKuba kunokwenzeka, okukokwenu nina, hlalani ninoxolo nabantu bonke. 19 Musani ukuziphindezelela, zintanda; yikhweleleni ingqubo; kuba kubhaliwe kwathiwa, Impindezelo yeyam, kuya kubuyekeza mna, itsho iNkosi.

UnguMKrestu, uThixo ufuna ukuba uphile ubomi obungenaxinzelelo nokungonwabi, kambe amaKrestu amaninzi asazibeka kwimeko yoloyiko ngokuziphindezela kwabo bebenze into embi ngaphambi. Xa uthatha inxaxheba kwezo zinto, wenza into uThixo athe luxanduva lwakhe. Indima yakho wena kukuphila ngoxolo akunike lona ngokufa nokuvuka kwakhe.

Le vesi ingentla ithi, impindezelo yeyeNkosi! Naluphi na uhlaselo lotshaba oluthunyelelwe ukukutshabalalisa aluphelelanga nje ekubeni lungabi namandla okukwenzakalisa, luza kuphendulwa nguThixo ngokwakhe. Ukusukela namhlanje lahla amabhongo adlulileyo nokunganeliseki uhlali phantsi kwephiko lentuthuzelo yeNkosi lokuba iza kukuphindezelela nakwintoni na ophulukene nayo!

ISIPROFETO

Andixhaliswa zizikhalazo zangoku nezidlulileyo! Ndihleli kuxolo lukaThixo olundivumela ukuba ndijonge ngaphaya kwabantu abandonza ububi. Amen.

FUNDA UZANDISELE

UYohane 16:33

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Ulsaya 41-44

www.goodnewsdailydevotional.com



Mvulo, Agasti 18

UQIKELELO LWEMOZULU YANAMHLANJE

UMarko 4:38-39

Waye yena esesinqeni somkhombe, elele ubuthongo phezu komqamelo; bamavuse , bathi kuye, Mfundisi, akukhathali na sitshabalala nje? Wavuka, wawukhalimela umoya, wathi kulo ulwandle, Hlala uthi tu, uthi cwaka! Wadamba umoya, kwabakho ukuzola okukhulu.

Apha ebomini ziguquguquka ngemizuzwana njengemozulu ethi ibishushu ibande, ithi bekusina kusuke kome! Zikwanje ke neemeko esijongana nazo ebomini ukuba ninzi. AmaKrestu amaninzi aye enze impazamo ethi ibe yingozi, ekukulindela ukuba iimeko zawo zihambelane nokokuba ukuba uvuyo lwakhe lunganani na. Balindele ukuba uxolo lwabo luxhomekeke ekubeni iakhawunti yebhanki iyavuma na. Ikude lee enyanisweni le ngcinga.

NgokwaseLizwini likaThixo meko okuyo ayenzi mahluko, nokuba kuyanetha okanye kugqatse ilanga na, uxolo novuyo lwakho maluhlale luhleli. Kukhona ukuzola okuvela kuThixo okuzolisa nolona qhwithela lumandla lukungqongileyo. Jonga umzekelo weNkosi yethu uYesu Krestu. Yahliwa bubuthongo noxa kwakukho uqhwithelakazi elwandle! Injani imozulu ebomini bakho namhlanje? Nokubayintoni na, musa ukuyivumela ichaphazele uxolo lwakho!

ISIPROFETO

Andoyiki nantoni eyenzekayo kum. Nokuba imozulu yanamhlanje iloluphi udidi, andiwoyiki amacebo kamtyholi angenasiqhamo. Kuza kubakho uxolo ebomini bam ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

UHabhakuki 3:17-18

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Ulsaya 45-49

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesibini, Agasti 19

UMDLALO, ICHINESE WHISPERS

Izenzo 17:11

Ke kaloku bathi abazalwana kwaoko bamndulula uPawulos noSilas ngobusuku, ukuba baye eBhereya; abathi bona bakufika, baya endlini yesikhungu yamaYuda. La ke aye enobuntu kunawaseTsalonika; la wona alamkela ilizwi ngentumekelelo yonke, ezincina izibhalo imihla ngemihla, ukuba zingaba zinjalo na ezi zinto

Ichinese Whispers ngumdlalo wabantwana. Abadlali bahlala emgceni okanye esangqeni badluliselane umyalezo ngokusebezelana. Uthi ufika kowokugqibela umntu ube sowuyinto nje ehlekisayo, ephitheneyo, egqwethekileyo, eyahluke kwaphela kulowa wokuqala ngoba omnye uva rongo, akavisisanga. Kweli hlabathi linezinto neenkolo ezahlukeneyo, ifilosofi ezahlukeneyo, iimbono ngezakwalizwi ezahlukeneyo kunye nezinye izinto ekuthethwa kakhulu ngazo, kulula kakhulu ukufumana ulwazi ngeLizwi likaThixo lulahlekisa okanye luguqulwe kuxhomekeka kule ndlela ubulifumene ngalo okanye lo mbhobho belifikelele ngawo kuwe!

Kwezi mfundiso ngeemfundiso zobuxoki zivukayo, ukuba akuziniki thuba lakuqwalasela nakuqondisisa izinto, uya kuzibhaqa ulilifa lokuhlaselwa lutshaba. Ivesi engentla isibonisa ukuba amaBhereya ayepeculula izibhalo YONKE IMIHLE ekhangela ukuba ingaba zinjalo na izinto ezazithethwa nguPawulos! Kwabanye ingathi yinto ebuhlungu nditsho ukuphakamisa iBhayibhile le ayibambe ngesandla, akhethe, ndaweni yoko, ukuthemba amazwi omnye umntu engazifundelanga iLizwi likaThixo. Namhlanje makube yinto ephambili ebomini bakho ukufunda iBhayibhile!

ISIPROFETO

Ukususela namhlanje, ndiza kufunda nzulu ngeLizwi likaThixo. Andiyi kuphenjelelwa ziimfundiso zobuxoki okanye amazwi angendawo azimisele ukudala ukungabikho kwemvisiswano ebomini bam. Ndisikelelwe ngaphaya komlinganiselo ngenxa yoko! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KuTimoti II 3:16-17

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Ulsaya 50-54

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesithathu, Agasti 20

ABATHUNYWA BAKAKRESTU BAHAMBA NGESIDIMA

KwabaseKorinte II 5:20

Sizizigidimi ke ngoko ngenxa kaKristu, ngokungathi uThixo uniyala ngathi; siyanikhunga ngenxa kaKristu, manixolelaniswe naye uThixo;

Ingaba uyazi ukuba njengomntwana kaThixo akuthwelanga nje kuphela uMoya wakhe ngaphakathi koko uthwele iathmosfiye yeZulu naphi na apho uhamba khona? Oku kuthetha ukuba, nokuba loluphi na ubizo oyincutshe kulo okanye nokuba zeziphi na izifundo ozenzayo, akusebenzi wena ngemithetho efanayo neyabanye, kodwa usebenza ngesistimu engeyiyo eyeli hlabathi, isistim yeZulu! Eye yezona mpazamo ziyingozi ungazenzayo, kukuzibona ngelensi elukojonga ngayo nelizwe, ingeyiyo leyo akubona ngayo uThixo!

Ukuba uyayiqonda indima yakho njengommeli weathmosfiye yakhe, umthunywa kwaKrestu, ufanele ukuhamba ngesidima. Ikhona indlela ethile yokuziphatha ehamba nomsebenzi owenzayo. Qwa intloko, nyusa amagxa, nyathela ngangqiniseko, umele uThixo ngokwakhe! Ummeli wamaZulu akakhuphi nto ingavuthwanga ngomlomo wakhe, umsindo awubalwa apha, isimilo esingesiso asamkelekanga, ndaweni yoko, bubomi bemfezeko, ucikizeko nobunyulu. Ngala mzuzu wokwamkelwa kwakho uThixo ebomini bakho, wahlulwa wabekelw ecaleni kwizinto zalo mhlaba, wabelwa ebungcweleni. Ungumthunywa weZulu, iLizwi elihambayo, ngoko, yiqhube ngesidima nesithozela imini yakh yanamhlanje.

ISIPROFETO

Ndingumthunywa kaThixo, ndimele uThixo. Abantu abandibona ndihamba phaya, babona uKrestu; yonke into ngam ibonakalisa Yena! Ndithwele amazulu, ndihamba nobuThixo ngeGama likaYesu!

FUNDA UZANDISELE

KaPetros I 2:9

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Ulsaya 55:1-60:9

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesine, Agasti 21

UKUNIKELA KUHLALA KUVELISA IZIPHUMO

KwabaseKorinte II 9:6

Qondani ke le nto: Lowo uhlwayela ngokuvimba wovuna ngokuvimba; nalowo uhlwayela ngesisa wovuna ngesisa.

Isihloko sanamhlanje sisenokukothusa nanjengoko amaKerstu amaninzi ehlabathini enokukhumbula amaxesha amaninzi athe anikela ngawo ezinkonzweni elindele imbuyekezo enkulu kodwa yasuka a"ayabikho". Kambe akunjalo! Ukunikela kwakho kuhlala kunazo iziphumo, kwaye zinje kanye ngolu hlobo zitsho ngalo izithembiso zikaThixo. Ingxaki esiyifumana ebandleni namhlanje kukuba abantu bakholisa ukunxulumanisa iintsikelelo kuphela nembuyekezo yemali ngenxa yokuhlwayela nokunikela kwabo!

Ngelixa ungazifumanayo nje iintsikelelo ezinjalo ngenxa yokunikela kwakho, kambe wazi njani ukuba xa bekudendwa emsebenzini elakho igama lakho beliseluhlwini okanye impilo yakho ibingamelanga kuhlaselwa zizifo ezigqugqise ilizwe okanye isixeko sakho? IBhayibhile, kwincwadi yeMizekeliso 21:18, isixelela ukuba ongendawo lucamagusho ngenxa yelungisa; inginingini lisesikhundleni sabathe tye, oko kuthetha ukuba ngendlela yokunikela kwethu, ukuba bekukho thumelo lithile lokutshabalalisa wena ulilungisa, uThixo uya kunikela ngalowo ukhohlakeleyo endaweni yakho! Namhlanje, funda ukuqonda iindlela ezininzi uThixo anokukhetha kuzo ukukuvuza ngazo ukunikela kwakho!

ISIPROFETO

Ndinikela ngesisa ndikhululekile! Ndiyazi ukuba xa ndinikela kuThixo, ndingahlala ndilindele iziphumo, ingezizo zemali zodwa kodwa nakuzo zonke iinkalo zobomi bam, nokuba yimpilo, uxolo okanye kwenye nje indawo! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Imizekeliso 21:18

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Ulsaya 60:10-65:25

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesihlanu, Agasti 22

EGAMENI LENKOSI

KwabaseKolose 3:17

Nako konke enisukuba nikwenza ngelizwi, nokuba kungomsebenzi, yenzani izinto zonke egameni leNkosi uYesu, nibulela ngayo kuye uThixo uYise

Wenziwa yintoni uPawulos ukuba athi ekupheleni kweministri yakhe athethe amazwi athi ugqatso ndilufezile, umzamo omhle ndiwuzamile, eqinisekile ukuba uwufezile umsebenzi abethunye wona? Le vesi ingasentla apha isenza siyiqonde ngokupheleleyo indlela awayecinga ngayo. UPawulos wayeyenza yonke into egameni likaYesu! Noxa kusenokubonakala ngathiyingcinga ethandekayo le, amaKrestu amaninzi akasoloko esebenza ngale nyaniso!

Ingaba ungatsho ngokuzithemba ukuba injongo yakho yokufuna loo msebenzi mtsha kukunikela umsebenzi wasebukumkanini beNkosi? Ungatsho ngokunyanisekileyo ukuba isizathu sokuba ufune imoto entsha kukuba ukwzi ukuya enkonzweni? Zingaphi izinto apha ebomini bakho ozenza ngesizathu esipheleleyo seNkosi? Khawufan' ucinge iziphumo ezichulumancisayo onokuba nazo ukuba ubuyinikele kuyo yonke into ephathelene nawe namhlanje! Xa yonke into uyenzela egameni leNkosi elinamandla utsala ungenelelo lwezulu!

ISIPROFETO

Yonke into endiyenzayo ndiyenza eGameni leNkosi uYesu. Umphefumlo wam wonke ujlise ekukholiseni uThixo yaye ndiyambulela kakhulu ngokundinika kwakhe ubomi mihla le. Ngobu bomi ndizamzukisa, ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseFilipi 2:9-11

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Ulsaya 66; UYeremiya 1:1-2:25

www.goodnewsdailydevotional.com



Mgqibelo, Agasti 23

AKUKHO ILAHLEKILEYO, AKUKHO YAPHUKILEYO

KwabaseKolose 1:13-14

Owasihlanguayo egunyeni lobumnyama, wasifudusela ebukumkanini boNyana wothando lwakhe, esinayo kuye inkululeko ngokuhlululelwa ngegazi lakhe, ukuxolelwa kwezono ke oko.

Uninzi lwabantu bakaThixo basathwele umthwalo weempazamo ezenziwa ngaphambi kokuba bamkele uKrstu njengeNkosi nomsindisi wabo. Bathwele isohlwayo sokuzenzela ngenxa yezinto zabo zangaphambili. Bacinga ukuba iziphumo zasemva kwezo ziphoso zisisigxina kanti ke oko akuyonyaniso! Uziswe ebukumkanini boNyana wakhe oyintanda, indawo ekungekho nto ingekhoyo nelahlekileyo kuyo. Ukhululekile kumacebo namatyathanga kamtyholi!

UKrestu weza ukuza kugqibelelisa yonke into ebomini bakho, nantoni na ebingahambi kakuhle, ngoku ayinandlela yimbi ngaphandle kokuthobela lowo unamandla ungaphakathi kuwe! Akuzi koyiswa nto; wazalelwa ukuba ube nempumelelo. Phuma ke namhlanje uqondisisa ukuba okwexesha elidlulileyo akunanto yakwenza nokuzayo. Uhlangukwe ebumnyameni obukubo, bulela uThixo ngelo xesha lidlulileyo!

ISIPROFETO

Akukho nto ilahlekileyo okanye yaphukileyo ebomini bam! Ndibekwe ebukumkanini bukaThixo. Naliphi itsheyina elisaziqamangele kum kulo nyaka weChain-Breaker, liyaqhawuka eGameni leNkosi uYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseKorinte II 5:17

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundi sakho sanamhlanje: UYeremiya2:26-5:19

www.goodnewsdailydevotional.com



Cawa, Agasti 24

ULONWABO LWASEYIPHUTHA LOMZUZWANA

KumaHebhere 11:25-26

enyula kanye ukuba aphathwe kakubi, ndawonye nabantu bakaThixo, kunokuba axhamle izono okomzuzwana; ekubalele ukungcikovwa kukaKristu kububutyebi obungaphezu kobutyebi baseYiputa, kuba wayekhangele ukwamkela umvuzo.

Ibali likaMoses ehlabathini jikelele lithathwa njengowona mzekelo unika umdla wendlela uThixo anokubonisa ngayo amandla akhe ngumntu ukuze azukiswe (yena uThixo). Abangayiqondiyo abaninzi yintsingiselo yale ngxelo yeBhayibhile njengomzekelo omhle wendlela othi xa ukhetha ukukhaba iziyolo zeli hlabathi, uThixo akusebenzi ngamandla ukuze kuzuze ubukumkani bakhe. Phambi kokuba emke eYiphutha uMoses, wayenesikhundlela esiphezulu newonga wkelina lizwe laliphucuke kakhulu kulo maxesha amandulo, iYiphutha!

Kuko konke oku, iBhayibhile ithi yayilulonwabo lwexeshana. Khawufan' ucinge xa kusithiwa ubutyebi obungenaye uThixo ngamampunge, ilize! UMoses wakubona lihlazo ngenxa kaKrestu kubobona butyebi bungaphezu kwayo yonke igolide, iidayimani, izakhiwo, namandla aseYiphutha. UnguMKrestu, ziyeke iziyolo zehlabathi zisale ngemva uthathe umvuzo wakho kuYesu Krestu – oku kunelona xabiso likhulu.

ISIPROFETO

Ulonwabo lwexeshana lweli hlabathi aluyonto iphambili ebomini bam. Ubutyebi nezikhundla lilize kum ukuba uThixo akakho. Ngoko, ndithi, ukususela ngoku, ubomi bam buza kujonga ezasebukumkanini kuphela, ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseRoma 12:2

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UYeremiya 5:20-8:22

www.goodnewsdailydevotional.com



Mvulo, Agasti 25

MVE XA ETHETHA

UYohane 10:4-5

Xa athe wazikhupha ezakhe izimvu, uhamba phambi kwazo, zithi nezimvu zzimlandele; ngokuba zilazi izwi lakhe. Ke owasemzini azingemlandeli; zosuka zimbaleke, ngokuba zingalazi izwi labasemzini.

Obunye bobona buchule bubalulekileyo ekufuneka ube nabo njengomntwana kaThixo kukukwazi ukwahlula ilizwi ongaliqhelanga/ lomntu wasemzini kwelalowo uthunyelwe nguThixo ngokwakhe ebomini bakho! Ngokwengcaciso yeBhayibhile, umntu ongamqhelanga, istreyinja, asikukuba ngumntu ongamqhelanga ncakasana; koko ngumntu uThixo angakhange afune ukuba indlela yakho neyakhe zidibane! Ukuphazama kwezigidi zabantu kwihlabathi liphela kukujonga ukuba kubekho into eza kothusa ukuze baqiniseke ukuba ivela phezulu leyo, kanti iLizwi litsho ngokucacileyo ukuba uThixo uya kusebenzisa elo alithumele kuwe ilizwi (ivoyisi) kunokuthumela istreyinja ukuba size nodaba okanye **isiprofeto** asibeke phezulu kwentloko yakho

Ukwahlula ilizwi likaThixo kwamanye kulula! Xa unobudlelane neNkosi ngomthandazo nokuhlalelana nayo, uye uqhelane ngakumbi nelizwi layo. Ngenxa yoko, akukhathaliseki noba uva liphi ilizwi lestreyinja; uya kukwazi ukulahlula, wesabe kulo. Funda ukuvavanya yonke into ethethwayo kuwe nangawe, wahlule kwelo likaThixo lingawi phantsi, ligqibeleleyo.

ISIPROFETO

Ndiyilazi ilizwi likaTata wam. Andisayi kukhohliswa ngabo angabathumanga kum uThixo wam. Ukususela namhlanje, ndiza kulivavanya lonke ilizwi elithethwa phezulu kwam okanye kum ngeLizwi likaThixo. Amen.

FUNDA UZANDISELE

UYohane 10:27

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UYeremiya 9-12

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesibini, Agasti 26

NDAKHA NGOKOMNQWENO WAM

KumaHebhere 11:3)

Ngokholo siyaqonda ukuba indalo le yonke yenziwe yabakho ngelizwi likaThixo, ukuze izinto ezi zibonwayo zibe aziphume kwezibonakalayo.

Ivesi yanamhlanje iphakathi kwezo zicatshulwa azziwayo phakathi kwamakholwa ukanti uninzi hlawumbi kungona luza kukuqonda ngokupheleleyo okuqulethwe kuyo.. Isibonisa ukuba omnye wemisebenzi ephambili yokholo kukubumba ubomi bakho benyaniso. Igama elithi 'yenziwe' ngesiGrike lithetha ukuthi karatizō, okuthetha ukugqiba, ukugqibezela, ukubuyisela nokugqibelelisa into kwimeko yayo eyiyi! UnguMKrestu, ngokholo, unamandla okubakha ngokutsha ubomi bakho ngamandla aqulathwe liLizwi likaThixo!

Kukho imeko umntwana wonke kaThixo amele ukuyiphila xa uziphilisa ubomi obungebubo obu abucwangcisele bona uThixo abo bamlandelayo. Qalisa ngoku ukucwangcisa nokuzakhela ubomi obufunayo! Yala ukujonga imeko okuyo ngoku. Unikwe igunya elingathandabuzekiyo lokulungisa konke okukungqongileyo namhlanje. Ungumyili wobomi bakho, qalisa ukubumodela ngale ndlela uyithandayo!

ISIPROFETO

Ndinoluya kholo lwasetyenziswayo xa kwakudalwa ihlabathi. Ngala ndinawo amandla nditshintsha ubomi bam nkalo zonke. Ndiyaprofeta ndithi inguqu kwinto yonke engahambelani nomnqweno ogqibeleleyo kaThixo ngobomi bam, ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KumaHebhere 11:1

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UYeremiya 13:1-16:9

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesithathu, Agasti 27

AKUKHO SILINGI KWEYAM IMPUMELELO

KwabaseFilipi 4:13

Ndinokuzenza izinto zonke, ndikulowo undomelezayo, uKristu.

Xa uye wakufaka ngaphakathi oko kubhale eLizwini likaThixo, kusisono ukuba ubomi bakho bungahabeli ndawo! Akunakwenzeka ukuba waneliseke sisimo esihlekileyo ube usazi ukuba uThixo ukucwangcisele ntoni. Enye yeengxaki ezibagcina behleli noxa bungenamtsalane ubomi babo, kukuthanda ukuba nesizathu, bayithethele loo meko bakuyo rhoqo!

Ukuthetha izinto ezingokuthi, “Ukuba nje laa mzalwana ebenokundinika imali andityala yona ngendingekho kule ndawo” okanye “Ukuba laa nkosikazi yayingazange indibele imali, ibhizinesi yam ngeyisamile.” Noxa ingasisizathu esivakalyo esi, uyabuthoba ubomi bakho, ububeka esandleni salo mntu ukutyalayo, ungaqondanga! Izenzo ezingalunganga zabanye mazingaze zibubambezele ubomi bakho bempumelelo. Akunakuyitshintsha indlela abaziphatha ngayo abantu kodwa ungayitshintsha indlela wena oza kuzilungiselela ngayo uphume kuloo meko. Oyena mkhulu ungaphakathi kuwe. Umkhulu kunaye nabani na, nantoni na engathi ikubambile.

Kuninzi akubekele kona uThixo, yaye ayikho, engekho nabani na onokukuvala ukuchuma kwakho. Akukho silingi ingumda kwimpumelelo yakho!

ISIPROFETO

Ndiphumelela nokuba kunjani! Andikhathali nokuba zingaphi iisilingi abazame ukuzibeka phezu kwam; ndichitha yonke into ephambi kwam namhlanje! Uzuko kuye uThixo. Amen.

FUNDA UZANDISELE

lindumiso 1:3

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UYeremiya 16:10-20:18

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesine, Agasti 28

ANDIMNIKI NDAWO KWAPHELA

KwabaseKorinte II 2:11

Ukuze singabonelelwa nguye uSathana; kuba amaqhinga akhe siyawazi.

Kungakothusa ukufunda ukuba ngokwaseBhayibhileni, umtyholi akanagunya kwaphela phezu kwentloko yakho, nangayiphi indlela! Nawaphi na amandla abonakala enawo ebomini bakho angenxa yokuba umvumele ngokwakho. AMAKrestu amaninzi namhlanje akaqondi nokuba zingaphi izihlandlo ngemini amnika zona ithuba lokungena ngamazwi nje awathethayo kunye nokwamkela kwawo izinto angazange wawabekela zona uThixo.

Umzekelo, mangaphi amaxesha okhe wasiwathi masiphume ngalo isigulo mezimbeni wakho ungakhange uqale uthathe amayeza? Mangaphi amaxesha okhe wathetha amazwi usithi ibhizinesi yakho mayikhule ungakhange uqale ulilele abantu ubaxelela ngeengxaki zakho? Niyabona bazalwana noodade, xa umamkela umtyholi ekuphileni kwakho, uvalela ummangaliso wakho (imirekil yakho). Xa imeko ingakuhambeli kakuhle, thetha iLizwi phezu kwayo ngoko nangoko. Musa ukunika usathana ithuba lokukukhohlisa athi ayizukusebenza loo nto. Xa usiva intloko ebuhlungu, endaweni yokungxamela iipilisi ekhabhathini, thetha iLizwi kuloo ntloko, uthethe, ungayeki ingaphelanga.

Esinye sezifundo oza kuzifunda kuhambo lwakho noKrestu kukungamniki ndawo usathana kwaphela! Qalisa ngoku.

ISIPROFETO

Ndiyaa ukunika usathana igumbi lousebenela ebomini bam, unotshe! Nokuba kumalunga nempilo yam, usapho lwam, ibhizinesi yam, imfundo, nditsho naphi na. Yimfezeko nocikizeko lodwa kwinto yonke ephathelene nam ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KaPetros I 5:8-9

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UYeremiya 21-24

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesihlanu, Agasti 29

UBABALO LWANDISA IKHAPHASITHI

EkaYakobi 4:6

Ke ubabala kakuhlu ngakumbi. Kungoko sithi, uThixo uyabachasa abanekratshi, ababale abazithobileyo.

EBhayibhileni akukho vesi isiqinisekisayo ukuba ugcobo lweNkosi okanye intambiso ungakwazi ukuyandisa! Ndaweni yoko, iLizwi lisibonisa ngokucacileyo ukuba ungongezelwa lona ubabalo! Yiba nalo mfanekiso: iresty inestoko esaneleyo nasebenzi bokuseva iikhastoma eziyi-200 ngosuku. Ibhizinesi iza kakuhle kuba uyimaneja kakuhle. Kodwa masithi kusuke kuthi ningalindelanga nifumane iikhastoma eziyi-1000 ngemini, ungathini? Ungalandisanga ikhitshi lakho, wongeze abasebenzi okanye wongeze istoko, qinisekileyo ibhizinesi yakho iya kufahlaka ngenxa yoxinzelelo. Ingxaki ayikho kwinani leekhastoma koko kukunqongophala kwamandla okubaohatha abantu abangako, ikhaphasithi yakho.

Ngaloo ndlela inye ke, amaKrestu amaninzi acela iintsikelelo ezongezelekileyo, noba zezemali, umsebenzi okanye ubudlelane, abe engenalubabalo okanye sakhono sifunekayo ukuze aqhbeke ephila nezo zinto. Ubabalo lungumandisi wekhaphasithi, kanye ngae ndlela iresty kufuneka ikhule ngayo ukuze ikwazi ukuthatha iikhastoma ezintsha. Ubabalo lwanda ukuze zibe nendawo iintsikelelo ezandileyo! IBhayibhile ithi uKrestu sele emabele umlinganiselo wobabalo wonke oguqukela kubuKrestu, kodwa akupheleli apho, kufuneka ugqwese kuloo nto uyifumeneyo. Ukuphumeza oku ngokukhula eLizwini. Incwadi kaPetros II 3:18 isixelela ukuba masikhule elubabalweni. Ngena eLizwini ubone ubabalo lukhulisa amandla akho, ikhaphasithi yakho!

ISIPROFETO

Ndinamandla nekhaphasithi engaphezulu ngenxa yobabalo! Impumelelo ikho kuyo yonke into endiyenzayo. Ngobabalo lukaBawo ndigqwesa ndawo yonke apha ebomini bam. Andikwazi kuwa phantsi ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Kwabase-Efese 4:7

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UYeremiya 25-27

www.goodnewsdailydevotional.com



Mgqibelo, Agasti 30

VUSELELA UMOYA WAKHO

KwabaseRoma 8:26

Ngokukwanjalo ke noMoya uncedisana nokuswela kwethu amandla; kuba esingakuthandazelayo ngokoko simelwe kukuthandaza ngako, asikwazi; uthi ke uMoya ngokwakhe asithethelele ngezinciwno ezingathethekiyo.

Umzimba wakho lo uyinyama asinguwe kanye kanye, usebenza nje njengekhaya lakho. Ungowomoya yay eke akukho mntu ubona omnye umntu ngaphakathi ngaphandle kukaThixo! Enye yeendlela zokwenza umoya wakho usebenze, kukuthandaza ngeelwimi! AmaKrestu amaninzi afana nabantu abastatha imoto bayishiye iduma. Xa ujongile ingathi iya endaweni ethile loo moto? Hayi! Ukusuka apho, xa ustatha imoto uyiyeke idume injini ungayirevi, uyayibulala kancinci kancinci ibhetri yayo. Kwangokunjalo, umoya akuwuvuseleli ngomthandazo nje omnye kunye nokubuyela kulaa nto ubuyenza ngaphabili koko uqhuba de ufikelele endaweni ethile ekukholisayo!

Ngokuvuselela umoya wakho, udala imeko elungiselela ukuba ubuwena obu bungaphakathi bube ngumongameli womzimba wakho. Uya kuthi ukuze uqonde ukuba uvuseleleke mpela umoya wakho uzibone ngolu hlobo uThixo akubona ngalo. Abantu ubabona ngamehlo othando, zithi nezibophelelo zingakwazi ukumelana nawe, zisuke ziqhawuke kwakungena uthano. Ukususela namhlanje, qalisa ukuba neeseshini zokuthandaza ngeelwimi—kukwezi seshini apho uwuvuselela khona ngokupheleleyo umoya wakho!

ISIPROFETO

Umzimba wam liqokobhe elivalele ubuqu bam ngaphakathi. Ndingowenziwe ngomoya mna, ohamba ngothando. Ekuthandazeni kwam ngeelwimi ngalo mzuzu, ndivuselela umoya wam yaye ngenxa yoko, nditshintsha okwenzeka ebomini bam, ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

ULuka 18:1

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UYeremiya 28:1-31:20

www.goodnewsdailydevotional.com



Cawa, Agasti 31

UBOMI BAM BAHLUKILE

KaYohane I 5:13

Ndinibhalele ezi zinto, nina nikholwayo kwigama loNyana kaThixo, ukuze nazi ukuba ninobomi obungunaphakade, nokuze nikholwe kwigama loNyana kaThixo

Ingaba ayikho lusizi into yokuba amaKrestu amaninzi engafundiswanga ukuba ngokwenene anobomi obungunaphakade obuyinto yokwenene ebalulekileyo? Abaninzi baye ubomi babo babuphila bengazi ukuba olu lunxibelelwano olunyanisekileyo olusuka kuThixo lusiya kubantwanana bakhe yaye abo baluvileyo baqinisekile ukuba luphathelene nobomi emva kokufa. Sesiphi esi sizathu sithi uMKrestu makathwaxwe sisifo somhlaza, icancer? Kutheni kufuneka umzimba wakhe ubulaleke ziziguli? Le vesi ingentla isibonisa ukuba uThixo abo bamkholwayo ubanike ubomi obahlukileyo, ubomi obungunaphakade! Ubomi bakho bahluke ngokupheleleyo kwabo basahleli ebukumkanini bobumnyama.

IBhayibhile isixelela ukuba ukuba uMoya walowo wamvusayo uYesu kwelabafileyo uheli kuni, uya kuyenza iphile nemizimba yeno enokufa! Usisidalwa esitsha ngokupheleleyo kuKrestu, sukuvumela ukuba uxokiswe, ukholelwe ukuba izinto ezinjengokugula zizinto ezamkelekileyo emntwini. Obakho ubomi bahlukile!

ISIPROFETO

Ubomi endibuphethayo bahlukile kobeli hlabathi! Ukugula akunabango kum! Ngomzuzu endandisamkela ngawo uYesu njengeNkosi noMsindisi wam, ndaphiwa ubomi obahlukileyo. Ndihamba kuloo nyaniso ngoku! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseRoma 8:11

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UYeremiya 31:21-33:26

www.goodnewsdailydevotional.com



Mvulo, Septemba 1

SHHH!

Intshumayeli 5:2

Musa ukungxama ngomlomo wakho, intliziyo yakho ingaphangi ikhuphe ilizwi phambi koThixo; ngokuba uThixo usemazulwini, ke wena usehlabathini; ngenxa yoko amazwi akho makabe mancinane.

Kukho intetho ethi: “Ukuthula akunakuze kucatshulwe rongo.” Phakathi lwezikhulu, amazwi kufuneka uwabale, uwalinganisele yaye abe mbalwa. Ookumkani, abalawuli beenkampani, ii-CEO, kunye nabo basemagunyeni bayixabisile intetho engqalileyo ngoba igama ngalinye linobunzima balo (weight). Akwahlukanga ke nakwezakwamoya. Ukuthetha gqitha kungawethisa amandla asemoyeni. IBhayibhile iyasiyala ukuba kwakuthethwa amagama amaninzi, kude kudaleke isono.. Abantu abazizikhulu bathi bengathethanga kakhulu kodwa intetho yabo ivakale ngoba bayawaqonda amandla akhululwa ngentetho. Ukugcina igunya lakho, thetha kuphela xa kunyanzelekile, kuza kuzuza abo baphulaphuleyo, kubandakanya wena.

Namhlanje, walondoloze oku kobutyebi amazwi akho. Liqhawule itsheyina lamazwi angenamsebenzi. Musa ukuthetha ngokungakhathali okanye usabele yonke into le ecaphukisayo. Xa usemthandazweni okanye ulungisa iingxaki, thetha ngenjongo, usazi ukuba amazwi akho athwele amandla kaThixo. Qiqa phambi kokuba uthethe, uqinisekisa ukuba okukhupha ngomlomo kuphenjelelwa lukholo. Ziqheise ukuzibamba, usazi ukuba ukuthula kunamandla ngaphezu kwengxolo.

ISIPROFETO

Amazwi abaliwe, anenjongo yaye ndiakhupha ngegunya lobuThixo. Intetho yam ikhupha amandla, ivula iingcango, agqobhoza iindawo. Andisayi kuchitha Amandla ngeentetho ezingenamsebenzi. Amazwi am angqalile yaye enza izinto zenzeke. Amen.

FUNDA UZANDISELE

Imizekeliso 10:19

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UYeremiya 34-36

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesibini, Septemba 2

QHAWULA AMATYATHANGA OKUTHATHA IZINTO LULA

UMarko 7:13

...niliphanga igunya ilizwi likaThixo ngesithethe senu, enasinikelayo, naye nizenza izinto ezininzi ezinjengezo

Uzelwe nje ngokutsha, kungengokwasembewini enokonakala, ngelizwi likaThixo eliphilileyo, elihleliyo ngonaphakade. (KaPetros 1:23). UMoya wokugqwesa uhlala ngaphakathi kuwe yaye udalwe ngokomfanekiso kaThixo ogqibeleleyo, ongenasiphelo. Nangona kunjalo, ukuthatha izinto lula kuyabukrwitsha bume bakho, oko kwenze ukuba oko uThixo akubeke kuwe kungabi naziqhamo. Ukuthatha izinto lula, ukwenza ngokungakhathali, ngokwesiqhelo, ngumbulali ozolileyo lowo owenza abantu abagqwesayo benze izinto ngokwesiqhelo. Izithethe, isiqhelo nokucinga kancinci kuyawadodobalisa aandla eLizwi likaThixo ebomini bakho. Xa usamkela izinto ezidikidiki, uphulukana nokubalasela okulilungelo lakho njengozelwe kuKrestu!

Musa ukuba dikidiki, ukuba avareji! Yazi ukuba ukuthatha izinto lula litsheyina elifuna ukukugcina ubopheleleke kwimeko yesiqhelo. Yonke into ngawe - amazwi akho, iminqweno, amaphupha akho kunye neengcinga, yadalelwa ukuba iqaqambe, igqwese. Uengqondo kaKrestu yaye iLizwi liyalela ukuba ugxile kwizinto ezibalaseleyo (KwabaseFilipi 4:8). Nyusa umgangatho. Thetha, cinga, yenza ngokugqwesileyo njengoMdali wakho!

ISIPROFETO

Andihlalelani nobudikidiki! UMoya obalaseleyo ongaphakathi uyala ukucinezelwa nokuncitshiswa. Ndiqhawula yonke into engumqobo, endibambezelayo. Ndihamba kwinzaliseko kaThixo! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseFilipi 4:8

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UYeremiya 37:1-41:10

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesithathu, Septemba 3

VUKA UTSALE IIKUMKANI

Ulsaya 60:3

Ziya kuhamba iintlanga zize ekukhanyeni kwakho, ookumkani beze ebumhlotsheni bokuthi chapha kwakho.

Umonde ungaphezulu kokusebenza nzima; bubulumko, inzondelelo ekugqweseni. Luphawu olwahlula abo bazabalaza ebumnyameni kwabo baphakama babalasele. ILizwi lithi, ookumkani, abantu abakhulu nelaziwayo igalelo labo, baya kuza ekuphakameni kwakho. Kambe ukuze yenzeke loo nto, kufuneka uqale uvuke! Ukuphakama kwakho kungumazibuthe, imagnethi etsala izinto ezinkulu. Amavila, abangazinzanga nabasoloko benesizathu bahlala esithunzini oko kodwa abo bakhutheleyo, bazondeleleyo, balibona kwangoko ithuba elivelayo. Lo ngunyaka wokuvuka kwakho! Mawungavumi ukubotshelwa ngamatyathanga oloyiko, ubuvila, intandabuzo okanye izizathu. Funda into entsha, yandisa ulwazi, polisha ubuchule bakho wakhe ibhizinesi yakho ibalasele. Ukuba kufuneka ufumane uqeqesho, lwenze. Ukuba kufuneka izitratheji ezitsha, tshona khona, zisebenzise. PHAKAMA VUKA! Ulindiwe linqanaba elilandelayo yaye liza nabantu abaneempembelelo ezintsha zobuthixo, inkolise yakhe namathuba okudibana neekumkani!

ISIPROFETO

Ndiyavuka emaqandeni, akukho nto iza kundibamba! likumkani zitslwa kukukhanya okuphuphumayo kum. Ndisebenza ngobulumko beZulu, ndikhuthele, ndinenzondelelo yaye ndiyagqwesa. Ibhizinesi yam iqhuba ngocikizeko olumangalisayo! EGameni likaYesu Krestu abathengi bayathululeka ukuza eshishinini lam befuna ukusondelelana nam ngenxa yobuchule nobungcali endinabo! Ngokunjalo nezinto endishishina ngazo zinomtsalane! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Imizekeliso 22:29

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UYeremiya 41:11-45:5

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesine, Septemba 4

JONGA AMANDLA AKHO

KwabaseKorunte I 14:4

Lowo uthetha ngalulwimi lumbi uzakha yena; ke lowo uprofetayo wakha ibandla

Umbane uhamba ngeentambo zombane, ungena ezindlwini nasemashishinini. Nangona kunjalo, ukuze amandla awo la abe luncedo, kufuneka alawulwe ngandlela ithile, kufuneka iiswitshi neesekethi zokuwuhambisa uye apho ufuneka khona. Umzi unganawo umbane kodwa ungayicofanga iswitshi, soze zilayite izibane. Akhona wona amandla, kodwa kufuneka aqhutywe ukuze aveze iziphumo.

Kukwanje ke naxa uthandaza ngeelwimi. Ukuthetha ngeelwimi kwenza amandla omoya angqindilili kodwa ukuze asebenze, kufuneka uwalathise apho mawaye khona. IBhayibhile ithi, “Yibandakanye intliziyo yam,” nto leyo ithetha ukuba mayigxile, ifowukhase. Enye inguqulelo ithi, :Ndinike ingqondo engabhaduliyo.” Ingqondo yakho isenokubhadula ngeli xesha uthandazayo, imke iye kucinga ngelisi yezinto ofuna ukuzenza, iincoko obukhe wanazo okanye kuthi thaa ezinye nje iziphazamiso ezingalindelekanga. Kodwa, ngolu hlobo iswitshi isisitshixo ethumela ngaso umbane endaweni ethile, kufuneka nawe uyibuyise ingqondo uyise kule nto uyithandazelayo. Wabone Amandla equkuqela emzimbeni wakho esiza nempiliso oyifunayo. Ukuba ufuna impumelelo ndaweni ithile, yiba nomfanekiso waloo mqobo uqhekeka. Ukuba uneshishini, yiba nomfanekiso wabathengi befolile. Amandla mayingabi ngamandla nje, wathumele apho afuneka khona!

ISIPROFETO

Ngalo lonke ixesha ndithandaza ngeelwimi, kukhululwa amandla angqala ngqo apho kukho akhoyo amatyathanga! Ingqondo yam izinzile, intliziyo yam ikule nto inye, akukho mandla ayindlalo! Amandla kaThixo agqitha konke ukuqonda mawaye kuyo yonke imeko endichaphazelayo ngeGama likaYesu elinamandla! Amen.

FUNDA UZANDISELE

lindumiso 86:11

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UYeremiya 46-48

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesihlanu, Septemba 5

ISIMEMO SIKASOMBAWO

KaPetros II 3:9

INkosi... ingangi kungatshabalala nabani; inga bonke bangasinga enguqukwani.

Obona bukhoboka bubi anokuzifumana kubo umntu kukuhlala elahlekile, ukuhlala engasindiswanga. Isono sibathimbile abantu, sibamfamekisile enyanisweni, sabagcina bebophelekile entshabalalweni. Kanti owona mnqweno mkhulu kaThixo kukuba ukhululeke, ube yinxalenye yosapho lwakhe, yaye ube naye ngonaphakade. IBhayibhile ithi, “ke yena uThixo uqondakalisa okwakhe ukusithanda ngokuthi, sakubon’ ukuba sisengaboni, uKristu asifele.” (KwabaseRoma 5:8). Oku kukuthi yonke into efunekayo ukuze ube lilungisa phambi koThixo sele yenzekile. Okuseleyo kukuba wena nje ukholwe!

Musa ukuvumela nantoni na ukuba ikuthintele ekwenzeni esona sigqibo sibalulekileyo ebomini bakho. Kwale ukuhlala ubotshiwe! Umnyango wosindiso uvuliwe yaye uYesu ngokwakhe uyakubiza. Thandaza lo mthandazo ukholwa:

ISIPROFETO

Owu Thixo Somandla, ndiza kuwe egameni likaYesu Krestu. Ndiyakholwa ngentliziyo yam yonke kuYesu Krestu, uNyana kaThixo ohilayo. Ndiyakholwa ukuba wandifela waza uThixo wamvusa ekufeni. Ndiyakholwa ukuba uyaphila yaye ufuna ukuba ndibe naye eZulwini. Ndenza isivumo sokholo ngomlomo wam sokuba uYesu Krestu yiNkosi yobomi bam ukususela namhlanje. Ndiyabulela, Nkosi, ngokusindisa umphefumlo wam. Halleluya!

FUNDA UZANDISELE

UYohane 3:16-17

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UYeremiya 49:1-51:10

www.goodnewsdailydevotional.com



Mgqibelo, Septemba 6

AKUPHINDI KWENZEKE

UYohane 8:36

Ngoko ukuba uNyana uthe wanikhulula, noba nikhululekile inene.

Amagama athi “Akuphindi kwenzekela!” (“Never again!”) ankwientsingiselo enzulu kwimbali yamaJuda. Emva kokunyamezela ukubulawa ngokumasikizi kwiHolocaust, amaJuda avaalisa ukuba ingcinezelo nentshabalalo enjalo ayisayi kuphinda ivunyelwe yenzeke kwakhona. Yayingeyontetho nje, yayisisifungo, isigqibo esisisigxina skuhlala ukhululekile. Oku kufanele kube sisibhengezo esisikhwazela phezulu xa amatyathanga eqhawukile ebomini bethu.

Kulo Nyaka weChain Breaker, abaninzi bakhululwe, bakhululwe ekuguleni, ezingxakini zemali, kubantu abaziityhefu ebomini babo, kuloyiko kunye nengcinezelo. Kambe inkululeko ayisosiganeko nje; sisimo sengqondo. Kufuneka ukrwele umgca uthi: Andisayi kuphinda ndiswele nto! Umzimba awusayi kuphinda utyakatywe kukufa nezigulo! Andisayi kuphinda ndibotshwe luloyiko, ukwaliwa okanye ukufelisha! Yithathe uyibhekise kuwe ngqo le vesi ithi, “Imbandezelo ayisayi kuphakama izihlandlo ezibini.” (UNahum 1:9). Yala ukubanjwa lulo naluphi uhlobo lwengcinezelo. Amatyathanga akho aqhawukile. Ukhululekile ngoku. Hlala ukhululekile!

ISIPROFETO

Ukususela ngoku, ebomini bam ndiwise umthetho othi “SOBE KUPHINDE!” Andisayi kuphinda ndibotshwe luloyiko, ukugula, ukuswela okanye ndizidibanise nabantu abayityhefu ebomini bam. Aqhawukile amakhamandela am, andibuyeli ebukhobokeni. Iingxaki azizi kuvuka okwesibini ebomini bam! Ndihamba enkululekweni, lowo athe uNyana wamkhulula, ukhulekile inene! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KumaGalati 5:1

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UYeremiya 51:11-52:34

www.goodnewsdailydevotional.com



Cawa, Septemba 7

QHUBA UBOMI BAKHO NGAMAZWI AKHO

EkaYakobi 3:4

Yabona, nayo imikhombe, imikhulu kangaka nje, iqhutywa nje yimimoya enamandla, ijikwa ngomthi wokujika omncinanana, iye apho sukuba umlawuli angxamele ukuba ingaya ngakhona.

Inqanawa enkulu, nokuba inamandla angakanani na, ilawulwa yimimoya namaza ngaphandle kokuba iqhutywa ngumphini wayo. Laa ntsinjana okanye elaa plangana lilo elithatha isigqibo sokuba inqanawa iyafika na apho iya khona okanye iyatenxa. Ulwimi lwakho ke ngulaa mphini! Ngalo, ulawula indlela yobomi bakho. Amazwi akho akhomba indlela. Kanye ngoku hlobo uThixo wathethayo amazwi xa wayedala konke, amazwi, xa ethethwa exhaswe lukholo, anamandla angummangaliso okuxonxa nokumilisa Ikamva lakho

Ukuba ufuna uloyiso, lubize. Ukuba ufuna ukuphiliswa, thetha. Ukuba ufuna ukubonelelwa nganto, biza isibonelelo eso. Akayonto nje amazi akho; angamandla omoya akukhokelela kwinqongo nobizo lwakho. Yeka ukoyika, yikhabele kude intswelo nembandezelo. Endaweni yoko, ubomi bakho bulawule ngokwakho ngokungqamanisa iziprofeto zakho neLizwi likaThixo. Yiyo leyo indlela ozakhela ngayo ikamva elingenazibophelelo, ubuqhube ubomi ngenkcaneko nangenqiniseko!

ISIPROFETO

Nguwo lo umthetho endiwuwisayo: Ulwimi lwam lungumkhuseli wam onamandla, lundiqhubela ebomini boloyiso! Ngolwimi lwam ndibiza impiliso, uchumo, iprosperithi nempumelelo endleleni yam. Akukho saqhwithi siya kundenza ndiphambue, ndityeke kwindlela yam kuba amazwi ahambelana neLizwi likaThixo. Ikamva lam lisikelekile, likhuselekile yaye lizele lubabalo lukaThixo! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KumaHebhere 11:3

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Izililo zikaYeremiya 1:1-3:51

www.goodnewsdailydevotional.com



Mvulo, Septembar 8

UMGIBE WESANDLA ESIVALIWEYO

KwabaseKorinte II 9:6

Qondani ke le nto: Lowo uhlwayela ngokuvimba wovuna kwangokuvimba; nalowo uhlwayela ngesisa wovuna kwangesisa.

Abazingeli kwezinye iindawo basebenzisa indlela yokubambisa iinkawu elula kodwa enobuchule. Bafaka intwana yokutya kwikhonteyina encinanana enendawo evuleke ngokwanele ukuba inkawu ibe nako ukufaka isandla. Ithi nje ukuba isifake isandla ibambe ukutya isivale isandla, inqindi eli ingakwazi ukulikhupha kuba liba likhulu kuloo ndawo ivulekileyo. Inkululeko kukuyeka into kodwa inkawu iyala yona, ihlala ibambekile kukuba ingafuni kukhulula into esesandleni sayo. Maninzi amaKrestu aphila ngolu hlobo. Abambelela nkqi kuloo nto anayo, esoyika ukuyikhulula.

IBhayibhile kanti iyibeka icace eyokuba uThixo uyasivula isandla sakhe, asisikelele sonke (Iindumiso 145:16). Kuba senziwe ngokomfanekiso wakhe, nathi simele ukufunda ukuzivula izandla zethu. Isisa sisitshixo sobutyebi. Okukhona sikhulula, kokukhona sivula indawo yokwamkelela ubonelelo lukaThixo kuthi. Baleka, usabe kumgibe wokuvimba! Yiba nethemba elithi xa unike ngesisa, uzilungelelanisa nokugeleza kwezibabalo zeZulu, uzikhulula entluphekweni, ukhulula iintsikelelo ezingaphaya komlinganiselo.

ISIPROFETO

Ndimi ndithi: Ndinikela ngesisa, andingcangcazeli yaye izandla zam zivulekele ukukhulula nokwamkela! Ndiyaphuma kumgibe wokuvimba, ndingena kuchumo olusisibabalo sikaThixo. Ndinikela ngesisa, ndivuna ngesisa yaye ubomi bam buphuphuma iintsikelelo zikaSomandla!

FUNDA UZANDISELE

Imizekeliso 11:24-25

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: Izililo zikaYeremiya 3:52-5:22; UHezekile 1-2

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesibini, Septemba 9

UBOMI OBUNZULU BUSAQHUBA

KwabaseKorinte II 5:21

Kuba lowo ungazani nasono, wamenza isono ngenxa yethu, ukuze thina sibe bubulungisa bukaThixo kuye.

Ilizwi likaThixo elathetha kum kwiminyaka mbalwa edlulileyo elalisithi signee kwisigaba sobomi obunzulu kwezasebuThixweni, ndaliva ngokuthe gca, lingaxutywanga. Akukwazi ukungena nzulu noThixo uze emva koko ufake urivesi. Ngokuya usiya nzulu kunye naye, kokkhona uqaphelayo ukuba umdinga ngakumbi nangakumbi. Ungamhloneli uThixo, akusoze ubuqonde ukuba buyintoni na ubulungisa. De ukoyika uThixo bube yimpilo yakho, aubulungisa obubalelwa kuwe ngoKrestu abuyi kubonakaliswa ngokupheleleyo ebomini bakho.

Ukuba unqwenela ukuva ngakumbi ngobabalo lukaThixo, imimangaliso, imiqondiso nezimanga zakhe, ngena nzulu emthandazweni, funda iLizwi, yiba nobudlelane obunzulu noBawo. Kulo nyaka weChain Breaker, iziphazamiso zingazama ukukutsalela kude kodwa mawungaze ulibale ukumfuna uMniki wezinto zonke, uYesu Krestu! Ukulambela kwakho uThixo makungagqithwa kukufuna inzuzo yeli hlabathi, uya kuphila kubukho bozuko nothando lwakhe.

ISIPROFETO

Ndibizwe ebumnyameni ukuze ndibe yinkwenkwezi eqaqambileyo ehlabathini. Ndiphila ubomi obungcwalisiweyo kuThixo yaye andisoze ubukho bakhe nezint zakhe uThixo, ndiziphathe ngokungenankathalo. Ndiphelele kuYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KaPetros I 2:24

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UHezekile 3-8

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesithathu, Septemba 10

UMNIKELO OWALIWEYO

IGenesis 4:5

Akambheka uKayin nomnikelo wakhe. Waqumba kunene uKayin, basangana ubuso bakhe

NgesiHebhere, igama elithi “imbeko” lithi shâ’âh, yaye lithetha ukuthi gqala, qaphela, jonga, bona ngamehlo omoya. Kuthetha ukuhlola nokuqwalasela. Izibhalo zisixelela ukuba uThixo akazange awuhlonele umbingelelo kaKayin, ngamanye amazwi wawala. Esi sisifundo esikhulu kuwo onke amaKrestu: asiyominikelo yonke eyamkelekileyo kuThixo.

Umnikelo kaKayin wawubonisa indlela abuhloniphe ngayo ubudlelane bakhe noThixo. Indlela omxabise nomhlonele ngayo uMdali wakho ibonakala ekunikeleni kwakho. AmaKrestu amaninzi anikela kuba imeko intle, ivuma okanye anikela ngeshiyekileyo. Enza ngathi uThixo ujonge ukuncanyelwa ngabo. Ayikho impazamo enjengale! Ukunikela kwakho kubonakalisa intliziyo yakho, ifoto yokholo lwakho kunye nentlonelo yakho. Nikela ngenjongo. Nikela ngentlonelo, ngovuyo nangokholo nangomphefumlo wakho wonke. Lo yiYear of the Chain Breaker yakho. Kulo Nyaka, nikela oku komntu owaziyo ukuba impumelelo yakhe ilapha!

ISIPROFETO

Ndinikela ngamandla kuBukumkani bukaThixo. Iminikelo yam ishukumisa izulu, izinto zihambe ngokukhawuleza. Andizibambi! Ndinikela ndisazi ukuba uThixo uyayandisa imbewu wam yaye uyibuyisela kum kalikhulu. Haleluya!

FUNDA UZANDISELE

KaYohane I 3:12

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UHezekile 9-12

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesine, Septemba 11

UBUGQWIRHA OBUTHE GCA PHANDLE

IEksodus 7:12

Elowo waphosa phantsi intonga yakhe, yaba yinyoka; yasuka intonga ka-Aron yaziginya iintonga zabo.

Kwiminyaka emininzi edluleyo, ndiselula, esikolweni sam kwakha kwafika umntu owenza imilingo, imagics. Isikolo sonke sasidibene eholweni, sonke sinomdla wokubona iimejikhs ezo wayeza kuzenza. Sisajongile, nanko ebiza udadewethu phantsi kwalo nginginya yabafundi, esenza itrihi ethile wangathi unyuka emoyeni. Imagician le yada yahambisa iringi enkulu apha kuye ubonisa “ubungqina” bokuba akajingi ntweni.

Emva kweshowu, sambuza udadewethu ngale nto. Wasixelela ukuba izandla zakhe zazibanjwe ngamatsheyina angabonakaliyo, awayejinga ngawo emoyeni, amatsheyina angabonakaliyo ngeliso lenyama! Usomlingo lo wasebenzisa amandla eedimoni wasikhohlisa singababukeli, wenza sakholelwa ukuba uyakwazi ukwenza abantu bajonge emoyeni

Yiqonde into yokuba ukwamkela iidimoni kunganeziphumo ezibi kakhulu. Kodwa ngalo mzuzu ndithi naliphi na itsheyina elingabonakaliyo elibophe iimali zako, inkqubela yakho, ubomi bakho jikelele ndiyaliqhawula ngomlilo weZulu. NguNyaka wakho weChain Breaker lo. Imali yakho ifikile, ilapha! Thatha!

ISIPROFETO

NdinguMqhawuli wamatsheyina, nditsiba imida! Akukho bomi bam nafemeli yam iza kulawulwa ziidimoni. Ndikhululekile ngenene, eGameni elinamandla likaYesu. Mayibongwe iNkosi! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Izenzo 13:8-10

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UHezekile 13:1-16:43

www.goodnewsdailydevotional.com



Lweihlanu, Septemba 12

IINYANISO NGOKUZA KUKAYESU, I-RAPTURE

UMateyu 24:31

Wozithuma izithunywa zakhe zasemazulwini, zinexilongo elisandi sikhulu, zihlanganisele ndawonye abanyulwa bakhe, baphume kumacala omane omoya, kuthabathela esiphelweni sezulu, kude kuse kwesinye isiphelo salo.

Kulula ukulibala ukuba siphila kumaxesha okugqibela obabalo, isiphelo seziphelo. Igama lesiGrike elithi eschatos (eskathos), esifumana kulo eli lithi “eschatology” (eskatholoji, isiphelo seziphelo zehlabathi), licacisa kakuhle: irapture isondele! NamaKrestu akholelwa ngokupheleleyo eBhayibhileni, athetha iilwimi, azaliswe nguMoya oNgcwele, athi akufika kulo mbandela angonwabi. Emazantsi eentliziyi acinga athi, Nkosi, khawusiphe ixesha noko! Afuna ukutshata, ukuba nabantwana, ukuhamba iindawo, nokuzalisekisa eminye iminqweno namaphupha awo. Kodwa khumbula, kwakunje nangexesha likaNowa. Abantu babesitya, besela, betshata, de wafika unogumbe!

UThixo akazange alinde. Lakufika ixesha elimisiweyo, watywinwa wona umkhombe, unogumbe wawudla umhlaba. Kwangolo hlobo ke, uxhwilo lwamaKrestu, irapture, iya kufika njengesela ebusuku. Noko ke, kumaKrestu akuyi kuba yinto engalindelekanga. Asikho bumnyameni thina! Simele kukuhlala silindile maxa onke, sijongile, silindele ukuza kukaKumkani wethu ozayo kungekudala.

ISIPROFETO

Ndikulungele ukuza kulandwa ndiye phezulu! Ukubuya kweNkosi yam kuya kuba yimini ezukileyo kum. Ndiya kuba ngowokuqala kwabahambayo ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Isityhilelo 11:15

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UHezekile 16:44-20:17

www.goodnewsdailydevotional.com



Mgqibelo, Septemba 13

EMARIKENI

Izenzo 16:19

Ke kaloku, zakubona iinkosi zaso ukuba liphumile ithemba lenzuzo yazo, zababamba ooPawulos noSilas, zabarholela endaweni yembutho, kubaphathi:

Ibali likaPawulos noSilas lelinye lamabali oloyiso, ubukhalipha noba uphantsi kobunzima. Babanjwa kodwa ndaweni yokuba babase enkundleni yamatyala, babarhuqela emarikeneni, esidlantalaleni! Yayiyindawo yokurhweba le, hayi eyokuxoxa amatyala. Kutyhila ntoni ke oku? Umtyholi ufuna ukurhweba ngemphefumlo! Iqhinga likamtyholi kukungenisa abantu efandesini, kutshintshiselwane ngabo ngeedimoni. Kodwa hayi kuwe! Musani ukungawaqondi amaqhinga akhe. Unegunya lokusebenzisa ubukhosi bakho kulo lonke icebo lisathana neqela lakhe. Sebenzisa igunya lakho phezu kwayo yonke imikhuba kamtyholi yokuzama uurhweba ngoxolo lwakho, impilo okanye impumelelo yakho ngokuphazisa imizamo yakho. Khalipha uthethe uthi akuzuba lixhoba wena! Bethelala igunya lakho phezu kweso sigulo, loo moya womsindo ugrogrisa umtshato wakho, nako nakuphi ukudodobala kobomi bakho. Lo nguNyaka weChain Breaker, musa ukuvuma ukuthengiswa kwindawo yentengiso kasathana!

ISIPROFETO

Ndiyala ukuba yinto ezitshintshiselana ngayo iidimoni! Ndixhotyiswe ngamandla avela phezulu yaye uloyiso lolwam. Andizi kuba lixhoba lamacebo amdaka kamtyholi, kulo nyaka nanini na! Mayizukiswe iNkosi! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Izenzo 25:7

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UHezekile 20:18-22:12

www.goodnewsdailydevotional.com



Cawa, Septemba 14

ANDIBOTSHELELWANGA

UMarko 5:4

Ngenxa yokuba wayebotshwe futhi ngamakhhamandela nangemixokelelwane, asuke ayijace yena imixokelelwane, awakroboze namakhhamandela; kwaye kungekho bani unamandla okumdambisa.

Kwesi sicutshulwa, indoda eyayineedimoni yayibotshwe ngamatyathanga ngamadoda awomeleleyo, ezama ukuyithoboza kodwa yayiqhawula aphomlonke ixesha! Akukho mandla amntu ayekwazi ukuyinqanda kuba wakukho imimoya engcolileyo eyayilawula izenzo zayo. Into ababengayiqondi kukuba lo yayingengombandela nje wengqondo okanye simo somzimba. Oku yayikukulawulwa ziidimoni.

Apha kuvesi 5, uYesu uthetha noyena mntu inguye le ndoda gaphakathi, etyhila ukuba yayinomkhosi weedimoni, hayi idimoni enye okanye ezimbini, yayingamawaka! Akukho meko imbi ebomini iyamkelekileyo. Zonke yimisebenzi kasathana. Umtyholi usebenza phaya ngasemva, ekhohlisa abantu, ephazamisana neziganeko. Ukuba umnika ingqalelo, inene uya kukwalathisa kwenye indawo! Musa ukuvuma ukubotshwa nguye! Lixesha ngoku lokuba uphakame kunokuba ubuqhele ukwenza, uzintywilisele yonke imihla kwiLizwi likaThixo ukuze akukhokele. Wakwenza njalo, uya kumangaliswa yindlela ogqwesa ngayo nonyukela ngayo phezulu ngakumbi nangakumbi kulo unyaka, i-Year of the Chain Breaker!

ISIPROFETO

Andiyikhandideyithi, umgqatswa kuhlaselo nongenelelo lweedimoni mna! Umzimba wam yitempile kaMoya oyiNgcwele. Onke amandla ongendawo mawamke kuba ndizalelwe ukulawula noKrestu eGameni likaYesu!

FUNDA UZANDISELE

ULuka 8:29

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UHezekile 22:13-24:27

www.goodnewsdailydevotional.com



Mvulo, Septemba 15

UYESU, UMPHILISI

IEksodus 15:26

...andiyi kubeka nasinye isifo phezu kwakho endisibekileyo phezu kwamaYiputa; kuba ndinguYehova, igqirha lakho.

KwisiHebhere sangaphambili, igama eliguqulwe lathi “igqirha/umphilisi” (“heals”) lithi Rapha, likwathetha amayeza. Oku kuthetha ukuba uThixo uthi, “NdinguThixo, ugqirha wakho.” This means God is saying, “I am the Lord, your Physician.” Injani ukumangalisa into yokwazi ukuba uMdali wehlabathi lonke ngugqirha wakho! Wahlukile koogqirha abangabantu, abaspeshalayiza kwiinkalo ezithile ezinjengokunyanga amathambo, intliziyo okanye isikhumba. UGqirha Yesu sispeshalisti sokugqibela kwinto yonke!

Wakudala, wazi yonke into ngawe, ngaphakathi nangaphandle. Akuanyangi nje unobangela; uyabuyisela, uyavuselela, wenza ngokutsha! Nokuba kukho ilungu lomzimba elingekhoyo okanye elonakele ngaphaya kokuqonda, angalibuyisela ngelinye engenzanga qhaqho okanye kungekho zintlungu. Lo mcimbi wakho awunzimanga kuye, kungekho nasifo sinamandla. Uza kuphiliswa. Qiniseka UYesu uyafuna yaye angakuphilisa ngalo mzuzu, hayi ngomso, hayi kwezayo iveki, kodwa NGAWO LO MZUZU

ISIPROFETO

Ndiphile ndith qethe, eyomntwana kaThixo impilo! Isigulo nesifo asinandawo emzimbeni wam. Ndihlala kuGqirha woogqirha mna yaye ubomi bam bunophawu lokugqibelela noloyiso, ngoku nangalo lonke xesha, ngeGama likaYesu elinamandla! Halleluya.

FUNDA UZANDISELE

Iindumiso 103:3

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UHezekile 25:1-28:10

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesibini, Septemba 16

QUBISANA NEZIQUBISENE NAWWE

UMateyu 4:1

Waza uYesu wenyuswa nguMoya, wasiwa entlango, ukuba ahendwe nguMtyholi.

UYesu wakhokelelwa entlanoi nguMoya ukuba aye kuqubisana ngqo nomtyholi ngokwakhe, hayi idimoni nje encinane, uSathana ubuqu! Utshaba lwaqalisa ukuhlaselela nzima, lugibisele zonke iintolo kuYesu, kanye YENA lo wamdalayo kwa-yena umtyholi lowo! Kodwa phawula isimanga, uYesu akazange aphikisane naye okanye azame ukumoyikisa uSathana ngokumkhumbuza ukuba unguMdali wakhe. Endaweni yoko wayesuka amphendule ngeLizwi elibhaliweyo likaThixo!

Xesha ngalinye uSathana emlinga, uYesu wayesuka athi: “Kubhaliwe kwathiwa!” Wazilwelwa ngeLizwi elilinyange lemhla. Oku kubonisa amandla amakhulu aqulethwe liLizwi elibhaliweyo, iLogos kaThixo. Ukuba uYesu ngokwakhe waqubinsa anotshaba ngeLizwi, Kubeka phi kuthi? Lonke ixesha ehlasela, likho iLizwi! Lisebenzise mihla yonke emtshatweni wakho, ezimalini zakho, empilweni yakho, umbone ekhwetshele umsila ebaleka oyisiwe!

ISIPROFETO

Ndimarineyithwe ngeLizwi! Andikwazi ukuba yingxewelerha yohlaselo lukamtyholi. ILizwi likaThixo sisixhobo sam, ukhuselo lwam noloyiso lwam. Lonke utolo eluvuthayo oluthunyelwe kum luya kuwa lubhuqwe ngumhlaba, luqhekeke luphele. Mayibongwe iNkosi! Amen.

FUNDA UZANDISELE

ULuka 4:1

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UHezekile 28:11-31:18

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesithathu, Septemba 17

UKHE WAMZAMA UYESU?

UMateyu 9:20

Nanko kusiza intokazi ithile, eyayinehombo legazi iminyaka elishumi elinamini; yafika ngasemva yachukumisa umqokumbelo wengubo yakhe;

Iminyaka elishumi elinambini yonke, le nkosikazi yayizame yonke into, oogqirha nje neengcali zabo, kodwa imeko ayizange itshintshe. Okungakumbi kukuba, wade wapheliswa nayimali, aphela amathemba. Wayengenawambi amacebo.

Kodwa weva ngoYesu! Ukholo lwakhe lwavutha, watyhudisa apha ebantwini, ezixelela esithi: Ukuba nje ndinokuchukumisa umqokumbelo wengubo yakhe, ndophiliwa!" Akukho mntu wambeka zandla. Wafumana ukuphiliswa ngokholo! Ukudibana kwakhenje kanye neNkosi latshintsha ibali lakhe.

Wena ke? Ujonge ukuya kwenye indawo engenguye uYesu? Ufika kuqala kuwe okanye uza mva? Kulo nyaka uyiChain Breaker, ukudibana kwakho noYesu kwakanye nje kuya kusiphula imiqobo ebomini bakho! Nokuba imeko yakho ithini na, nokuba ufuna ukuphiliswa, ukuhlambulwa okanye mpumelelo ntwenini na, ubungqina uza kuba nabo!

ISIPROFETO

Ndizelwe nguThixo. Izigulo nentswelo zisuswe zathiwa jwii kude lee kum. Ndisempilweni entle, ndingqingwe lukhuselo lweengelosi yaye ubomi bam lububungqina bamandla kaThixo. Halleluya!

FUNDA UZANDISELE

UMalaki 4:2

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UHezekile 32:1-34:24

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesine, Septemba 18

THANDAZA, UMDUMISE NOKUBA SEKUTHENI

Izenzo 16:23

Bathi, bakuba bebabethe imivumbo ngeentswazi, babaphosa entolongweni, bamthethela umgcini wababanjwa ukuba abagcine ngokunqabileyo;

UPawulos noSilas babotshelwa ngamatsheyina, babethwa, bavalelwa etrongweni kodwa basuka abalahla Themba, abadana, ababi namsindo kodwa bahla emthandazweni, bedumisa uKumkani wookumkani! Khawube nomfanekiso-ngqondweni ukwintolongo emnyama, emdaka, unamanxeba avulekile yokodwa ukhethe ukunqula uThixo endaweni yokukhalaza ngengxaki okuyo. Enjani yona imbonakaliso enamandla yokuthemba uYehova!

Bathi bethandaza njalo bedumisa, aphenndula amazulu! Ivesi 26 usinika irekhodi yokuba kwabakho inyikima enkulu eyashukumisa intolongo, yawaqhawula onke amatsheyina, zavuleka zonke iingcango. Ngamandla endumiso ke lawo! UThixo akakhethi buso bamntu. Ithi imithandazo neendumiso zakunyuka ziye kuThixo, kuvele impendulo ekhawulezileyo kwiipaseji zeZulu ukuze angenelele uThixo. Xa uphakamisa ilizwi lakho umnqula, uThixo uyashukuma, uyakwenzela! Into uThixo awayenzela uMpostile uPawulos noSilas, unokukwenzela xa ujonge kuye ungagungqi. Enokuba ujamelene nayiphi imeko efana nokungathi uvallelwe entolongweni, ubophelelekile ngezimali, isigulo, ubambezeleko okanye imiqobo ebomini, musa ukuyeka ukuthandaza! Musa ukuyeka ukudumisa uYehova! Izulu limamele, impumelelo seyisondele kunokuba ucinga!

ISIPROFETO

Imithandazo yam inyuka njengesiqhumiso esimnandi phambi kukaSomandla! Imithandazo iyavakala ezipasejini zasezulwini, ixhokonxa uThixo ukuba angenelele imini nobusuku. Ndiza kuhlala ndimdumisa uThixo, ndisazi nje ukuba impumelelo yam ayinakuphikiswa nto, ngeGama likaYesu! Mayidunyiswe iNkosi! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseKorinte II 11:15

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UHezekile 34:25-38:9

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesihlanu, Septemba 19

ULUTSHABA OLOYISIWEYO

KwabaseKolose 2:15

Ebabhunyule obalawuli nomagunya [imimoya enamandla amdaka echasene nathi], wabenza isibonelo ekuhlени ngabo ekuwo umnqamlezo [ememelela, ebabhence ubuthinjwa kumngcelele woloyiso lwakhe].

Kuyothusa ukuva amakholwa esithi alwa nomtyholi. Funda izibhalo ezingcwele ngononophelo, uSathana sele oyisiwe! UYesu wamkhulu wamhlutha lonke igunya, waphoxisa ngaye esidlangalaleni. Wamvuthulula wee jwii phaya ngathi ujula iphepha esitratweni. UYesu uvukile, usathana uwile!

IBhayibhile ithi uhleli noKrestu kwezasezulwini iindawo, akukho dabini naye.. Idaba sele liphunyelelwe! UYesu akazange amoyise nje umtyholi; wamtyumza ephaa kulaa ndawo alawula kuyo, emhlabeni wakhe, isihogo ngokwaso! Yeka ukumoyika usathana; woyiswa! Indima yakho ngoku kukubethelela olo loyiso. UThixo wethu unamandla amakhulu yaye ukunike igunya elipheleleyo eGameni likaYesu ukuba wenze njalo nakuluphi uhlobo lwedimoni, inkulu, incinci.

Igunya lakho kuKrestu kufuneka lisetyenziswe kuzo zonke iimeko ezimbi. Yala ukuvumela utshaba lusebeze ubuxoki, uloyiko, ukugula okanye ukutenxa kwenzinto ebomini bakho. Awudingi kulwa notshaba olusele loyisiwe. Mkhuphe phandle! Mchase, uya kubaleka!

ISIPROFETO

Ndilawula noKrestu kwisikhundla soloyiso! Ndithetha, ndihamba, ndenza ngegunya lobuThixo. Akukho mtyholi, akukho gunya, akukho luchaso lunokumelana nam! Uloyiso lolwam ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseRoma 8:38-39

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UHezekile 38:10-40:49

www.goodnewsdailydevotional.com



Mgqibelo, Septemba 20

MVUMELE UTHIXO ATHETHE

UYeremiya 1:9

Wasolula uYehova isandla sakhe, wachukumisa umlomo wam; wathi ke uYehova kum, Yabona, ndibeke amazwi am emlonyeni wakho.

Ngemihla yamandulo, uThixo wathetha noAbraham, uMoses, uYoshuwa, uDavide, uIsaya, uSamuweli nabanye amaninzi. La yayingamadoda amakhulu kwezakwaMoya, awayehamba nay, bemphulaphula ngenyameko, beyithobela imiyalelo yakhe baza emva koko bafumana iintsikelelo. Babezingenisa izicelo zabo zomthandazo kuThixo bamlindele athethe, ebacebisa ngeentsapho, iibhizinesi zabo, ubomi bakho namakhondo omsebenzi. Ubomi babo babububungqina bento eyenzekyo xa uvumela ilizwi likaThixo libe lelona livakalayo ebomini bakho!

AmaKrestu amaninzi namhlanje athetha noThixo kodwa akayeki ukuphulaphula. Bazisa izikhalazo, izicelo zemithandazo kunye neminqweno phambi kwakhe kodwa abakhe banqumame ithuba elide ngokwaneleyo ukuze beve impendulo yakhe. Kodwa umthandazo awuyontetho nje yakho wedwa, yingxoxo yababini. Ukususela namhlanje, ziqhelise ukuphulaphula uThixo, kuba uthi, “Khanize sibonisane,” (Ulsaya 1:18). Oku kuthetha ukuba ufuna unxibelelwano nawe. Ngoko ke, hlala noThixo ngokumphulaphula kulo nyaka weChain Breaker!

ISIPROFETO

Bawo, unguThixo wam neNkosi yam wena. Ndiphulaphule, ndilindele ukuva imiyalelo yakho. Ndizivulile iindlebe zam ukuze ndive ilizwi lakho! Thetha ndimamele, ndikhokele, undisebenzisele uzuko lwakho. Zonke iziphazamiso mazithi cwaka ndizolele ezikaThixo. Ndimamele! Amen.

FUNDA UZANDISELE

IEksodus 7:1

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UHezekile 41-43

www.goodnewsdailydevotional.com



Cawa, Septemba 21

UTHETHE NTONI?

EkaYakobi 3:2

Kuba siyakhubeka kaninzi sonke. Ukuba umntu akakhubeki zwini, lowo uyindoda eqqibeleleyo, enako ukuwubamba ngomkhala nawo umzimba uphela.

Amanye amakholwa ahlala ezibuza ukuba kutheni izinto zingahambi kakuhle ebomini bawo nokuba sele ezinikele kangakanani ecaweni. Amaxesha amaninzi kungenxa yodidi lamagama awathethayo. Agibisela nje amagama angenamsebenzi; ulwimi lwawo awalunikelanga kuMoya oyiNgcwele.

Ukuqola kwakho kwezomoya njengoMKrestu kuliganiswa ngamazwi akho. Ngencoko nje emfutshane ndiyakwazi ukubona ukuba umntu uyakhula ngokwasemoyeni na okanye akakhuli. Isemazwini yonke into. ILizwi likaThixo liyakuyalela ukuba uwalumkele amazwi akho, wulawule umlomo wakho. Luxanduva lwakho. Akwanelanga nje ukuthi “Owu, Yehova, nqanda ulwimi lwam.” Hayi khona! Wena yenza ukuba ulwimi lwakho luthobeke iNkosi ngokulandela umyalelo wakhe wendlela asetyenziswa ngayo amazwi omlomo wakho. Phambi kokuba uthethe into, cinga ngento eza kwenzeka emoyeni wakho, empilweni yakho, eshishinini lakho, kumyeni okanye inkosikazi yakho, ebantwaneni bakho, njalonzalo.

Zama ukugqibelela kuyo yonke into oyenzayo, yonke into iqala ngolwimi lwakho. Uya kumangaliswa ukuba mangaphi amatyathanga aqhawukayo!

ISIPROFETO

Ulwimi lwam luqule lwaligangatha, ndanga ndingumbhali ongenadyudyu, olusiba lukhawulezayo. Ndixhobe ngamagama afanelekileyo, imini ndiyidizayina ngoku kwam, ingekafiki. Ndithetha impumelelo, ukhuseleko, uvuyo kunye nobungqina obukhulu ngeGama likaYesu!

FUNDA UZANDISELE

Imizekeliso 21:23; KaPetros 1 3:10

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UHezekile 44-47

www.goodnewsdailydevotional.com



Mvulo, Septemba 22

UMTHWALI WOZUKO

KwabaseKolose 1:27

Awuthandayo uThixo ukubazisa bona into obuyiyo ubutyebi bozuko lwaloo mfihlelo phakathi kwazo iintlanga, obunguKristu phakathi kwenu, ithemba lozuko.

Phambi kokuba size kuKrestu, iBhayibhile isichaza ngolu hlobo kwincwadi yabaseRoma 3:23; "...kuba bonile bonke, basilelela eluzukweni lukaThixo." Sonke sasiphantsi kwesiqalekiso esivulela izinto ezimbi zehlabathi. KODwa nhoku uzelwe ngokutsha, uzukisiwe; oko kuthetha ukubekwa kubomi obuhle, obugqwesileyo, obunempulelo kunye nobutyebi, ukuchuma.

Emyezweni wase-Eden, uAdam wayehlala ebusweni bukaThixo. Obo bukho yayiluzuko lukaThixo. Kungcono ngoku; ubukho bukaThixo abukho nje ngeenxa zonke kuwe okanye kunye nawe, BUKUWE: uKrestu kuwe ithemba lozuko." Ubukho bukaThixo ayiselolizwi nje elihamba kuba imini ipholile, ukukho bakhe bukuwe ngoku! Uthwele uzuko. Haleluya!

Ngeli Lizwi, khangelani kuzuko olungaphakathi nibonise ubungangamsha nokugqibelela koYihlo osemazulwini. UThixo akaguli ngenxa yoko nawe awuguli, akasweli nto ngenxa yoko akunakuswela nawe, akanalidandatheko, akufanele ke nawe.

Uthwele uzuko; mabubekho ubungqina balo ebomini bakho!

ISIPROFETO

Ndingumthwali wozuko lukaThixo. Ubuhle, ukugqwesa, impumelelo neprosperithi zonke zezam, mandizonwabele, inzuzo yam iza kubonakala kubo bonke ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Ulsaya 60:1-3

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UHezekile 48; UDaniyeli 1:1-2:30

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesibini, Septemba 23

IGARANTI

KaYohane I 5:14

Kuko oku ukungafihlisi esinako kuye: ukuba sithi sicele into ngokokuthanda kwakhe, uyasiva.

Akumangalisi na ukwazi ukuba ungacela nantoni na kuBawo eGameni likaYesu, uyamkele impendulo? Khangela oko kwathethwa yiNkosi uYesu (kuYohane 16:23), “Nangaloo mini aniyi kundibuza nto. Inene, inene, ndithi kuni, zonke izinto izinto enithe nazicela kuBawo egameni lam, woninika.” Apha, abafundi bakhe wabazisa ngesityhilelo esitsha; indlela entsha yokucela, ebazisa ngemini entsha ezayo abaya kuthi bakuzicelela ngqo kuBawo nantoni na abayinqwenelayo, abanike.

Zizo ke ezi iindaba ezilungileyo; siphila kwezo mini yayithetha ngazo ke iNkosi yethu! Into ekufuneka uyenzile ukuze uThixo akuve, akuphendule umthandazo wakho, kukucela ngekungafihlisiyo, unesibindi, ngeGama likaYesu. Oku kukucela ngokwentando yakhe, yaye unegaranti yokuba uza kuviwa!

UBawo ufuna ukuziva zonke izicelo zakho, akwenzele nangaphezulu kokuba unokucela. Ngoko ke, yiya ngeshori kuye ucele okufunayo, ngeGama likaYesu: “Ukuba nithe nahlala kum, namazwi am ahlala kuni, nocela into enisukuba niyithanda, niyenzelwe.” (UYohane 15:7).

Uyayibona loo nto? Yigaranti ke leyo!

ISIPROFETO

Impendulo yomthandazo wam inegaranti, iqinisekile yaye akukho nto iya kuma endleleni yam. Yonke into endiyithethayo namhlanje eGameni likaYesu isayiniwe, yatywina, yaziswa. Haleluya!

FUNDA UZANDISELE

KaYohane I 5:15

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UDaniyeli 2:31-4:27

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesithathu, Septemba 24

IMFUNDISO YESIPILI

EkaYakobi 1:25

Ke yena oqondela emthethweni ogqibeleleyo wayo inkululeko, ahlale ehleli kuwo, lowo ethe nje akaba ngumphulaphuli olibalayo, esuke waba ngumenzi womsebenzi: yena uya kuba noyolo ekwenzeni kwakhe.

ILizwi likaThixo lisisipili sakhe. IBhayibhile ithi nabani na olivayo ilizwi aze angalenzi ufana nendoda ezjjonge esipilini ethi yakujika isuka kuso ilibale ukuba ibinjani na (EkaYakobi 1:23-24). Ngamanye amazwi, uThixo ulindele ukuba iLizwi lakhe ulive, ulenze. Nguwo lo ke umbuzo, umntu ulenza njani iLizwi?

ILizwi ulenza ngokuzibona ngale ndlela uThixo akubona ngayo eLizwini lakhe ze wenze ngokoko likuthethayo. Umzekelo, eLizwini, isipili sikaThixo, uthi, uphilisiwe. Lowo ngumfanekiso anawo uThixo ngawe. Bona umfanekiso wakho ke usempilweni egqibeleleyo, uwamkele. Yenza ngathi sele iyinto enjalo leyo; ngoba yinyanis o kakade. Ukuba isipili esiliLizwi likaThixo sithi iprosperithi isesandleni sakho, yamkele loo nto, lixhase, uyiphile ukholwa. Yeka ukuthetha ulwimi olwaphukileyo. Hlala ujonge esipilini sikaThixo; hlala ulifunda, uliphulaphula iLizwi. Xa usenjenjalo, uya kuya uphuhla ngokuphuhla ukuba uluzuko lukaThixo olu ulubonayo eLizwini lakhe.

Le yimfundiso elisinika yona iLizwi ngesipili

ISIPROFETO

Ukususela namhlanje, isipili sikaThixo yinto endiza kuhlala ndijonga kuyo imihla yonke, ndingajongi iimeko ebomini bam. Ndiyakuvuma okuthethwa sisipili sikaThixo, iLizwi lakhe ngam. Ndiyabulela, Bawo ngeLizwi lakho! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseKorinte II 3:18

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UDaniyeli 4:28-7:12

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesine, Septemba 25

UKUTHEMBEKA

UDaniyeli 6:4

Baza abongameli nabaziirhuluneli bafuna, ukuba bafumane ithuba ngakuDaniyeli mayela nobukumkani. Ke ababanga nako ukufumana nalinye ithuba, nantlondi imbi, ngenxa enokuba ebethembekileyo; bekungafumaneki kanye imposiso nantlondi imbi kuye.

UTHixo ukhangela namabhinqa athembekileyo ukuze aphumeze injongo yakhe nomsebenzi wakhe apha emhlabeni. IBhayibhile inika umzekelo kaDaniyeli njengomntu owayethembekile kuThixo ngeyona ndlela ibalasleyo nekhuthazayo. Wayenyaniseke ngokugqibeleleyo yaye ezinikele eNkosini. Izibhalo ezingcwele zithi akuzange kufunyanwe siphoso natyala kuye. Wayengeloqhophololo okanye engemntu ungenankathalo. Wayethembekile kuzo zonke izenzo zakhe. Ingaba singathetha ngolo hlobo ngawe?

UnguMKrestu, intlonelo yakho ephambili, inzondelelo nokuzinikela kwakho kukuThixo naseLizwini lakhe kuqala phambi kwento yonke. Intshutshiso isenokuvela kuzo zonke iinkalo, kodwa wena hlala ungagungqi ekuyikhonzeni nasekunyisekeni kwakho kuYehova. UDaniyeli waphoswa emhadini weengonyama ngenxa yokuba wakhetha ukuthembeka kuThixo, waza uThixo wayivala imilomo yeengonyama – ukuthembeka kuzisa ukukhuselwa kwakho!

Abantu abathembekileyo bakhethelwa ukwenza imisebenzi ethile ngoko ke, khetha ukuba ligosa elithembekileyo endlwini kaThixo. Ekusebenziseni kwakho iziphiwo nezakhono zakho, iimali nezinto osikelelwe ngazo – khetha ukuthembeka! Intembeko iqhawula amatyathanga!

ISIPROFETO

Ndivakalisa ukuthembela kwam ngokupheleleyo kuThixo, kanjalo nokuthembeka kwam kuye, namhlanje. Ndikhetha ukumkhonza ngokuthembekileyo ngobomi bam nokuba iimeko ithini na phambi kwam, ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

KwabaseKorinte I 4:2; KwabaseKolose 1:2

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UDaniyeli 7:13-11:13

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesihlanu, Septemba 26

UMNCEDISI WAKHO, UTHIXO

UYohane 14:16

Nna ndiya kucela kuBawo, aze aninike omnye uMthetheleli, ukuze ahlale nani ngonaphakade:

Ingaba uyiqonda kakuhle na indlela esimangalisa ngayo esi sibhalo? Makhe ndikubonise. Qwalasela eli gama lithi 'uMthetheleli', elichaza uMoya oyiNgcwele. Ligama lesiGrike elithi 'parakletos', elixela umthetheleli, umthuthuzeli, umncedisi, iadvokethi. Uyaqonda nje ukuba kuthiwa apha kuwe ngalo mzuzu kuhlala lo mntu unamandla amakhulu ongumncedisi wakho, Phakathi kwezinye izinto azizo! Ziindaba ezimnandi ezi bazalwana noodade.

UMoya oyiNgcwele weza kukunceda uphile obona bomi bubalaseleyo bobuKrestu. Akukho sizathu sakuba usilele kuyo nantoni na ebomini emva kokuba ufumene uMoya oyiNgcwele. Akunalungelo lakudinga nto kuba uMoya oyiNgcwele ngumncedi wakho! Uza kukunceda akufundise ukuthandaza, akufundise neLizwi. Uya kukubonisa indlela yokukhulela ematyaleni, ungashoti nganto. Angakunceda ufumane umsebenzi, akuhlaziye amandla, akunike nawokuphumelela kwibhizinesi yakho nefemeli yakho. Amandla akhe aya kuba ngamandla akho.

Mazi yonke imihla ukuba ungumncedisi wakho, weza ukuze ube nempumelelo ebomini.

ISIPROFETO

Namhlanje uMoya oyiNgcwele ndimnika indawo yokuqala ebomini bam. Buza kundimangalisa ubukhulu bozuko lukaThixo obuza kuqandusela kobu bomi bam. Ugqweso, isidima nesithozela, amandla nobulumko bakhe buza kungqineka, ebomini bam ukususela ngoku ngeGama likaYesu!

FUNDA UZANDISELE

KwabaseRoma 8:26

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UDaniyeli 11:14-12:13; UHoseya 1-3

www.goodnewsdailydevotional.com



Mgqibelo, Septemba 27

MAYIDUNYISWE INKOSI!

Iindumiso 113:3

Kwasekuphumeni kwelanga kuse ekutshoneni kwalo, malidunyiswe igama likaYehova.

Isifundo sanamhlanje sisizicacele. Mdumise uYehova mzalwana othandekayo. Mdumise kusasa. Mdumise emini emaqanda. Mdumise ebusuku. Ukuba akuzange umdumise uThixo ngolu hlobo luchazwe ngasentla, qalisa ngoku. Usenokuphikisa ngelithi ubomi bakho abunasizathu sakuba mawuyidumise iNkosi. Ngenxa yeso sizathu kanye, mdumise nangakumbi! Mdumise ungekaboni nto ngoba inguqu iyeza ebomini bakho! Mdumise ngenxa yeGama likaYesu. Mdumise ngenxa yosindiso. Ndumise ngenxa yeenNdaba ezilungileyo zikaKrestu!

Bekufanele ukuba umkhwaza ngochulumanco usiya emsebenzini, umkhwaza ubuya!

Ukuba umohluthe indawo umtyholi, ngoku uyaphinda uzama ukuhlasela, uzoyikuyithatha, asiloxesha lokuba uhlale phantsi uncwine, ukhalazela indlela ezingahambi kakuhle ngayo izinto, Lixesha lokuba ungene eLizwini, uphinde ukhangele ukuba zithini na izithembiso zikaThixo kuwe. Kulapho ke uhlasela khona, uthaphulula kulaa bhanki yakho yomthandazo, umana urhola kuvimba wakho.

Nokuba yintoni na umtyholi azama ukuyenza kuwe, musa ukuhlelela ubaleke uye kuzimela. Yomelela, qina, uthethe iLizwi ngegunya, UKHWAZE indumiso yokuqhawula amatyathanga eNkosini!

ISI PROFETO

Ukususela namhlanje ubomi bam bubomi bendumiso! Nokuba kunini na, imilebe yam iza kuzala yindumiso. Utata wam nguKumkani weziKumkani, ufanele ukudunyiswa yaye ndisikelelekile ukwenza njalo.

FUNDA UZANDISELE

Isityhilelo 5:13, Ulsaya 45:6

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UHoseya 4-9

www.goodnewsdailydevotional.com



Cawa, Septemba 28

ASIYONTETHO NJE

KwabaseKorinte I 4:20

Kuba ubukumkani bukaThixo abusekuthetheni (incoko nje emnandi), busemandleni (bumalunga nokuphila ngamandla kaThixo).

ILizwi likaThixo linamandla! Jonga esi sibhalo singentla kwakhona. UMPostile uPawulos akacengi bani xa ethi uBukumkani bukaThixo abuyoncoko nje, bumalunga namandla. Ndiyayithanda le ndlela ibhalwe ngayo phaya kwi-NLT Bhayibhile xa isithi 'incoko nje emnandi/ efensi'. UbuKrestu bethu ikakhulu kule mihla bugxile kumazwi amnandi ashunyayelwayo, afundwayo okanye athandazwayo. NgeeCawa kusasa iintetho ziba ngathi ziza kufumana amabhaso. Yonke loo ntetho ayinantsingiselo ingenawo amandla asemthethweni kaThixo.

UPawulos akazange asixelele ngezinto ezinkulu ngokusebenzisa nje amagama, wasazisa ngamandla kaThixo afumaneka ngokholo kuKrestu. Namhlanje, uluqala nje usuku, vuma le nyaniso izike kuwe. Ungundlunkulu wamandla uhamba, uthetha. Yonke oyibiza ngomlomo wakho namhlanje asintetho nje emnandi, uza kuzibona iziphumo eziza kulandela. Amandla kaThixo ahamba emithanjeni yakho sithetha nje, asingomagama nje la ndiwaxelayo – wakholelwe, wenze into ngawo!

ISIPROFETO

Igama ngalinye endilithethayo ukususela ngoku liza kulandelwa bubungqina obunzulu bamandla kaThixo. Andivutheli nje umoya, andithethi nje; ndingulaa MKrestu unobungqina, ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

EkaYakobi 2:26

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UHoseya 10-14; UYoweli 1:1-2:17

www.goodnewsdailydevotional.com



Mvulo, Septemba 29

NDITHETHA UBUTYEBI

ULuka 6:45

Umntu olungileyo, ebuncwaneni obulungile bentliziyo yalhe, uvelisa oko kulungileyo; nomntu okhohlakeleyo, ebuncwaneni obukhohlakeleyo bentliziyo yakhe, uvelisa oko kukhohlakeleyo; kuba umlomo wakhe uthetha ngokuphuphuma kwentliziyo yakhe.

Andinakukuxelela ukuba mangaphi amaxesha endikhe ndeva ngawo umntu onguMKrestu esithi, “Kudala ndithetha, akude kwenzeke nto.” Umbuzo ngowokuba wazi njani ukuba akwenzeki nto?

Unjengomlimi otyala imbewu yombona namhlanje aphinde ayigrumbe ngemini elandelayo ekhangela ukuba ikhona na into eyenzekileyo. Imbewu ayintshuli ngobusuku obunye; kodwa xa ithe yatyalwa kwindawo eyiyo, yanikwa ixesha, yankcenkceshelwa, ikhathalelwe, ngokuqinisekileyo iya kuntshula. Anjalo kanye ke amazwi, ayimbewu. Wankcenkceshele ngokholo lwakho, uwaxhase ngeLzwi.

ILizwi likaThixo emlonyeni wakho linguThixo ngokwakhe ethetha. Yeka ukucinga ukuba amazwi akho awasebenzi. UKrestu ukwenze indoda elungileyo evelisa izinto ezilungileyo, ezintle. Musa ukuxokiselwa ngumtyholi. Namhlanje uza kuphuma nobuncwane, ubutyebi!

ISIPROFETO

Ngamazwi am ndithetha ubuncwane obungenakuchazwa, uncuthu, namhlanje. Akukho asayinmenti ndingenakukwazi ukuyenza, kungekho bhizinesi ndingenakuyiqhuba, natyathanga ndingenakuliqhawula. Makugeleze, kuwe imvula yobuncwane nobutyebi, kuchume, macala onke obomi bam ngoku, ngeGama likaYesu! Amen.

FUNDA UZANDISELE

Ulsaya 55:10-11

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UYoweli 2:18-3:21; UAmosi 1-4

www.goodnewsdailydevotional.com



Lwesibini, Septemba 30

BAMBA IINTAMBO NGOKWAKHO!

KwabaseRoma 8:37

Kanti ke kwzo zinto zonke, sisuka soyise sigqithisele, ngaye owasithandayo.

Bazalwana noodade, uloyiso lwakho sele luqinisekisiwe. Akuzube utsale ubuso apha, udakumbile, udandathekile ngenxa nje yokuba izinto zingahambi ngendlela yakho. Le vesi ithi soyise sagqithisele, hayi kuba kuye kwafuneka silwe dabi lithile, kodwa ngenxa yokuba uYesu wasilwela wasoyisele ngokufa kwakhe, ukungcwatywa nokuvuka kwakhe.

Umsebenzi wakho wena kukubambeleva kolo loyiso; lawula eli lakho ilizwe, bamba iintambo ngokwakho, uphakame ube ngaphaya kweemeko ozijongileyo. Unobukhosi negunya lokutshintsha izinto kulo mhlaba sime kuwo, sisebenzisa iGama likaYesu. Ngamandla onawo lawo ngoku sithethayo! Zonke izinto zibekwe phantsi kweenyawo zakho. Usathana, ukufelisha ebomini, ukugula, indlala nobuhlwempu, zonke ezo zinto ziphantsi kweenyawo zakho. Uhleli ngasekunene kukaKrestu uYesu; oko kuthetha ukuba usemagunyeni ngamandla kaThixo. Uyakwazi ukuba nemini embi wena? Ukuxhaliswa yifowun engenileyo? Intlanganiso engahambanga kakuhle? Aziyonto ezo zinto zonke phambi kwamehlo akho! 'Woyise wagqithisele' kuzo zonke izinto kudalo-o ngoKrestu. Phila loo nyaniso ke!

ISIPROFETO

Namhlanje, ndiyaphakama, ndincothuka kwinto yonke ebindibabile. Ndooyisile, ndade ndangaphaya. Loo nto ithetha ukuba akukho kwanto iya kundichukumisa, iya kundoyisa yaye 'andibulaleki', ngeGama likaYesu. Haleluya!

FUNDA UZANDISELE

KaYohane 5:4-5

FUNDA IBHAYIBHILE NGEENTSUKU EZIYI-365

Isifundo sakho sanamhlanje: UAmosi 5-9; UObhadiya 1:1-9

www.goodnewsdailydevotional.com

ISIPROFETO SAKHOSEMIHLA NGEMIHILA

IGoodNews Daily ngoku iyafumaneka kwiintlelo zoshicilelo olulungiselelwe ulutsha nabafikisayo kunye nolwabantwana, ndawonye nolu luphambili (main version), ikuphatheleisiprofeto sosuku ngalunye esiphuma entliziyweni kaMprofeti u-Uebert Angel. Ezi zibhalo zidalelwe ukwenza ilizwi likaThixo libe hyinto ephilayo kwilungu ngalinye elusatsheni lwakho. Olwabantwana ushicilelo lubafundisa ngokholo, uthando kunye nezithembiso zikaThixo ngendlela enomdla nebabandakanyayo engabashiya ngasemva, ukanti ushicilelo lolutsha nabafikisayo lona lungena nzulwana kwiimfundiso eziza kuba sisikhokelo sobulumko namandla ebomini babo. Ngosuku ngalunye, unesiprofeto esihambelana nohambo lwakho noThixo, kungakhathaliseki nokuba ithini na iminyaka yakho! Ungaphoswa leli thuba, zithathele ikopi namhlanje, ifumaneka simahla.



SCAN ME

NGUMPROFETI U-UEBERT ANGEL

@GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL

WWW.GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL.COM

UMBONO OCHAPHAZELA IHLABATHI UFUNA IMALI ELINGENE IHLABATHI

BAMBISANA NATHI NGEGOODNEWS DAILY

Ngokubambisana kwakho nathi kunye nenkxaso yakho yezimali, siyakwazi ukuhambisa umyalezo wosuku weGoodNews Daily kwikona nganye yehlabathi, sixele iindaba ezilungileyo zeNkosi yethu uYesu Krestu ngokokufundiswa kwazo ngoBekekileyo uMprofeti u-Uebert Angel. Ngongcedo lwakho siyakwazi ukuguqulela iilwimi, ukuprinta nokuhambisa umyalezo weGoodNews Daily ngokukhupha abathunywa, ngePhulo iGoodNews On-The-Go Campaign nePhulo leAdopt a Nation/Language, ukuze ivangeli ifikelele kude. Bambisana nathi, ube ngumthathi-nxaxheba kulo mbono mkhulu wehlabathi, uzimanye nathi ekuhambiseni esi sigidimi sikaThixo kwiintlanga zehlabathi liphela ngaso esi sithunywa seeNdaba ezilungileyo, i-Good News Daily.

**nguMprofeti
u-Uebert Angel**

@GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL

PARTNER AT: WWW.GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL.COM

INKOSI YETHU UYESU KRESTU

INKosi yethu uYesu Krestu ililitye lembombo kukholo lobuKrestu, ubomi bakhe neemfundiso zakhe zibe nempembelelo enkulu kwimbali yehlabathi. INkosi yethu uYesu Krestu iyaziwa ngemfesane yayo, ubulumko kunye nezenzo ezimangalisayo ezenzileyo. Umyalezo wawugxile eluthandweni, eluxolweni nakwisithembiso sobomi obungunaphakade, enika ithemba nentlawulelo yezono kubo bonke abakholwayo kuyo iNkosi. Ngexesha lakhe walithutyha lonke elakwaYuda, ephilisa abagulayo, ethuthuzela abaxhwalekileyo, efundisa ngobukumkani bukaThixo obungunaphakade.

Ukwamkela kwakho uYesu njengeNkosi noMsindisi wakho kuthetha ukwamkela iimfundiso zakhe nokumema ubukho bakhe obuzisa inguqu ebomini bakho. Luhambo olu olusingise kwimo yokwaneliseka, ugqibelelo nenzaliseko yokomoya, esekelwe kukholo, uthando nakwisithembiso sosindiso.

NgeNkosi yeThu uYesu Krestu, sifumana amandla, ithemba kunye nendlela esa kuxolo lwanaphakade. Ukwenziwa ukuba ube ngopheleleyo okanye ukusindiswa, kuthetha ukuzithoba kuThixo nakwicebo lakhe nenjongo yakhe ngobomi bethu. Kukujika kwiindlela zethu ezindala siguqukele kuYesu krestu, simcelele ukuba asixolele izono zethu, asinike ubomi obutsha sikuye.

KwabaseRoma 19:9 ithi iBhayibhile

“Ngokuba, xa uthe wamvuma ngomlomo wakho ukuba yiNkosi uYesu, wakholwa ngetliziyo yakho ukuba uThixo wamvusa kwabafileyo, wosindiswa.”

Usindiso sisipho sesisa sikaThixo kuthi kwaye lusenza ukuba sibe ngabantwana bakhe. Lulwamkeleko kusapho lukaThixo olungenakurhoxiswa nangubani, lukwaluxhotyiso lokuphila ubomi obupheleleyo nangokupheleleyo ngenjongo yokubonakalisa uThixo kuyo yonke indalo yakhe.

INGABA SELE UMAMKELE UYESU KRESTU?

SINGAKWAMKELISA UYESU
NJENGENKOSI NOMSINDISI WAKHO
NGOKWENZA LO MTHANDAZO:

"YEHOVA, THIXO, NDIZA KUWE NGE GAMA
LIKAYESU KRESTU. NDIYAKHOLWA NGEN-
TLIZIYO YAM YONKE KUYESU KRESTU,
UNYANA KATHIXO OPHILAYO. NDIYAKHOL-
WA UKUBA WAFWA WAZA UTHIXO WAMVUSA
KWELABAFILEYO. NDIYAKHOLWA UKUBA
UYAPHILA NAMHLANJE. NDIVUMA NGOM-
LOMO WAM UKUBA UYESU KRESTU YINKOSI
YOBOMI BAM UKUSUSELA NAMHLANJE.
NGAYE NANGEGAMA LAKHE, NDINOBO MI
OBUNGUNAPHAKADE; NDIZELWE NGOKUT-
SHA. NDIYABULELA BAWO NGOKUSINDISA
UBOMI BAM! NGOKU NDINGUMNTWANA
KATHIXO. HALELUYA! "

NDIYAVUYISANA NAWU! NGOKU UN-
GUMNTWANA KATHIXO.

To receive more information on how you can grow
as a Christian, please get in touch with us on

UK: +44 3333 448 612 / USA +1 240 781 6942
RSA +27 51 004 0209

www.uebertangel.org | www.goodnewsworld.com

ISIFUNDO SOKHUSELEKO LWAKHO

UISAYA 54

NDIZINZE NGOBULUNGISA. ANDINAWO AMAXHALA— ANDIYI KUQHIPHUKA MBILI— NI NDINGAYI KOYIKA BUBI! ABUYI KUSONDELA KUM NAKANCINCI!

UKUBA NABANI NA UYANDIHLASELA, NAKANYE NDICINGE UKUBA UTHUNYELWE NGUTHIXO. NABANI NA ONGALINGA NJE UKUNDIHLASELA, ELO LINGE SOZE LIBE NTO.

UTHIXO WADALA UMKHANDI OBASELA UMLILO WAMALAHLE AKHANDE IZIXHOBOKUBULALA; UKWADALE NOMONAKALISIWOKUZONAKALISA.

ZONKE IZIXHOBOKUZHANDELWA UKULWANAM AZIYI KUBA NAMPUMELELO; NABANI— NA OMELANA NAM, ENDITYHOLA, UYAKUJIKABIZWE NJENGEXOKI. MNA NDINGUMKHONZI KAYEHOVA. NDIYAZI UKUBALILIFA LAM ELI NGOBA UTHIXO UNDLUNGISELE KONKE.

UTSHO UYEHOVA KUM KWAYE
ALIYI KUWA PHANTSI ILIZWI LAKHE NGE GAMA LIKAYESU!
TRANSLATED FROM THE MESSAGE BIBLE IN ENGLISH

IGOODNEWS DAILY COMPENDIUM

ZITHENGELE
EYAKHO IKOPI
NAMHLANJE!



Ukulandela iLizwi likaThixo: ukuvula amasango obutyebi ngeGoodNews Daily Compendium. Ekulandeleni ubomi obendele nzulu kuKrestu, ukuzinikela okungagungqiyo kwiLizwi likaThixo kususiseko esibalulekileyo. IGoodNews Daily Compendium, Volyum 1 ifika ibe sisixhobo esingenakuthelekiswa nanto kolu hambo, ivangeli iyilungelelanisa ngokwamacandelo ahamba ngokwemixholo efundisa uncuthu, olutyetyisiweyo lona, noluqondeka lula.

nguMprofeti u-Uebert Angel

WWW.GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL.COM



YIBA NGUMXHASI WOLWIMI OLUTHILE

Sijoyine kule hambo ngokuxhasa nokuzinikela ekuhambiseni iGoodNews Daily ukuze sigqobhozele ezintliziyweni zezigidi ngezigidi ehlabathini jikelele. Sikunye, singawusasaza lo myalezo weendaba ezilungileyo zobabalo lukaThixo kwisixeko ngasinye, isitrato ngasinye nakwikhaya ngalinye, ngeelwimi ezahlukeneyo zehlabathi. Nyanga zonke, abahlobo bethu abazinikeleyo bahambisa iikopi zeGoodNews Daily kumakhaya

eenkedama, ezitrongweni, ezibhedlele, kumakhaya abadala, ezikolweni, kumaziko oorhulumente nakwezinye iindawo ezininzi esingenako nokuzibala ehlabathini jikelele. Sinobungqina babantu abathe basindiswa, baphiliswa, abazuze ubonelelo lukaThixo kunye nobunye obuninzi ngenxa yeli phulo lehlabathi. Zibandakanye ubambisane nathi kule ntshukumo izukileyo kaThixo ngokunika umntu ithuba leqalo nethemba elitsha ngengomso lakhe.

nguMprofeti u-Uebert Angel

@GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL

SPONSOR AT: WWW.GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL.COM

IFUMANEKA NGEELWIMI EZININZI

WAMKELEKILE KUMAZA ETHU OMOYA NGUMPROFETI U-UEBERT ANGEL

NGENA KWIWEBHUSAYITHI YETHU

WWW.GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL.COM

    @GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL



Nyanga zonke, abahlobo bethu babambisana nathi ekuhambiseni iikopi zeGoodNews Daily zasimahla kumakhaya eenkedama, ezintolongweni, ezibhedlele, kumakhaya abadala, ezikolweni, kumaziko oorhulumente nezinye iindawo ezininzi ehlabathini.

Sinobungqina babantu abathe basindiswa, baphiliswa, abazuze ubonelelo lukaThixo kunye nobunye obuninzi ngenxa yeli phulo lehlabathi. Thatha inxaxheba, uzibandakanye kule ntshukumo izukileyo kaThixo ngokunika umntu ithuba leqalo nethemba elitsha ngengomso lakhe.


For more information visit: www.goodnewsdailydevotional.com

You can also send an email to: gnd@goodnewsworld.com


Or Call At: **USA: +1 (240) 781-6942 UK: +44 333 344 8612**

ZW: +263 773 195 955 RSA: +27 (51) 004-0209

YONKE IMIHLA



GoodNews Daily. Phulaphula iGood News kuSpotify, uyenze iqabane lakho kwindlela yakho, ukhule ngokwasemoyeni nakwizibhalo ezingcwele phantsi kwesityhilelo neemfundiso zikaMprofeti u-Uebert Angel.



YONKE IMIHLA



Youtube

Sikuphathela ubungqina bokwenyani, obuphilayo, ngemimangaliso eyenzekayo iphenjelelwa yiGood News Daily ehlabathini ngetshaneli yethu kaYouTube. Njengodaba lwezibhalo oluhamba phambili luvuselela imihla ngemihla, ichukumise ubomi babaninzi, ingumsasazi womyalazo wethemba, uthando nokholo. Ngeemfundiso ezinzulu zikaMprofeti u-Uebert Angel, iGoodNews Daily isisixhobo esixwaye amandla eza nenguqu emntwini, kwiintsapho nasebantwaneni ukuze baphile ubomi obunenjongo nobuzalisekileyo

nguMprofeti u-Uebert Angel



SUBSCRIBE NOW

@GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL

WWW.GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL.COM

TheGoodNewsWorld Helplines

USA: +1 (240) 781-6942

UK: +44 333 344 8612

ZW: +263 773 195 955

RSA: +27 (51) 004-0209

www.goodnewsworld.com